



URhulumente  
weNtshona Kolor  
**NGOWAKHO**



ISebe looRhulumente baseMakhaya

**Isicwangciso Sokusebenza Sonyaka**  
2023/24



URhulumente weNtshona Koloni

**ISebe looRhulumente  
baseMakhaya**

Isicwangciso  
Sokusebenza Sonyaka

2023/24



UMnu. AW Bredell

Njengoko ndisithi thaca esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka, iliZwe lijongene nenye ingxaki kwakhona. Kwezi nyanga zibalwa zidluleyo, iliZwe liye lathwaxwa kukuphazamiseka kobonelelo lombane oluqhubekayo noluneziphumo eziqhwalisayo. Ngenxa yokuphazamiseka kobonelelo lombane oluthatha iiyure eziliqela ngemini, uqoqosho luza kuchaphazeleka kakubi, ngelixa, kwangexesha elinye, ubomi babemi buphazamiseka. Noomasipala ababhungcanga; kungenzeka le meko ibe nefuthe kwingenisano nokungena nokuphuma kwemali, kaloku inxalenye yengeniso yabo ivela ekuthengisweni kombane. Into exhalabisa ngokunzulu lifuthe ukuphazamiseka okuthe gqolo kobonelelo ngombane okunalo kwiinkonzo ezingundoqo zikamasipala ezifana nococeko namanzi njengoko izixhobo zeziseko ezisetyenziswayo zisebenza ngombane. Phezu kwalo nje eli futhe lityhafisayo lokuphazamiseka kobonelelo ngombane, iSebe liwajonge ngamehlo okhozi amazinga amadama neminye imithombo yamanzi njengoko imiqondiso yokuhla kwawo ibonakala.

Kuphantsi kwale meko ke esi sicwangciso sandlala izinto eziphambili zeSebe lam kwi-MTEF ka-2023, njengoko sishenxa ekumiseleni izakhelo zolawulo kulandela unyulo loorhulumente bamakhaya luka-2021, ukuze sijolise iinjongo zethu eziphambili ekuyileni ithemba ngokuba noorhulumente bamakhaya abazinzileyo nohanjiso

lweenkonzo olukhawuleziswayo. Imvo yongxamiseko isekucutheni ifuthe langoku lokuphazamiseka kobonelelo lombane nokuphepha imingeni ephathelele amanzi nokuphathwa kwenkukuma. Xa sikubeka ngentetho elula, zonke iinkqubo zethu ziza kujoliswa ekunabiseni uhanjiso lweenkonzo ukuze kuphuculwe iimeko abaphila phantsi kwazo abemi beli Phondo. Siceba ukuba siza kuyenza njani le nto?

**Ukwandisa iindlela zokuba abemi bafikelele iinkonzo nolwazi:** ukufikelela iinkonzo zakwarhulumente nolwazi kubalulekile ekuphuculeni iimeko abaphila phantsi kwazo abantu beli Phondo. Sinoxanduva lokuqonda abemi bethu kunye neemfuno zabo ukuze sikwazi ukuphendula kuzo ngendlela ekhuthazayo nangongxamiseko. Undoqo kule nto kukuvumela abemi ukuba bathathe inxaxheba ngozimiselo kwizigqibo okanye izenzo ezibachaphazelayo. Ukuze abemi bakwazi ukuthatha inxaxheba ngentsingiselo, kubalulekile ukuba baxhotyiswe ngolwazi lokuba bangathatha inxaxheba njani ze bongeze ukuxabiseka kwimicimba karhulumente wamakhaya. Sisebenzisa iNkqubo yokuFundiswa kwabeMi, siza kuqhubeka nokuphucula uhanjiso lweenkonzo njengoko sihamba kunye nabemi bethu.

**Ukuphuhlisa kwamaseko ezinto ezisetyenziswayo koomasipala ukuze kuqiniseke uhanjiso lweenkonzo olusisiseko:** ukuhluma nophuhliso kwandisa imfuneko yohanjiso lweenkonzo olusisiseko, ngaloo ndlela kubekwa uxinzelelo kumaseko akhoyo ezinto ezisetyenziswayo nemithombo yoncedo elinganiselweyo. Ukutyala imali nokugcina amaseko ezinto ezisetyenziswayo koomasipala esebenza kakuhle ngokungathandabuzekiyo sisixhobo esingundoqo kuhanjiso lweenkonzo nokuhluma kwakunye nophuhliso. Kukhuthazwa indlela epheleleyo yenkxaso yamaseko ezinto ezisetyenziswayo koomasipala esekelwe kucwangciso oluhlanganisiweyo, uphuhliso nolungiso ukuze kuqwalaselwe imingeni eliqela enxulumene namaseko ezinto ezisetyenziswayo. Kuhloliswa indlela entsha yophuhliso ekuxhaseni ngemali amaseko ezinto ezisetyenziswayo.

**Oomasipala abalawulwa kakuhle ngokongamela, ukuphuhlisa nokuqinisa amandla okwenza izinto nobuchule bokulawula:** into eye yacaca njengoko kuhamba iminyaka kukuba, ngaphandle kolawulo oluzinzileyo nokongamela okufanelekileyo nokuphatha kokubini kwinqanaba lezopolitiko nolawulo, okuhambelana nezixokelelwano nezakhelo eziqinileyo nezixhasayo, oomasipala abazukwazi ukuwenza ngokufanelekileyo umsebenzi wabonokufezekisaumyalelo abawuthuniweyo. ISebe lam kwakunye nabanye abangundoqo kummandla woomasipala, liza kuthi gqolo ukunika umkhomba-ndlela, ukuxhobisa nokuxhasa oomasipala ukuze kuqinisekise



ulawulo olusulungekileyo ukuze kuphuculwe uhanjiso lweenkonzo.


**Imimandla ekwaziyo ukumelana neentlekele ngokufundiswa, ukunciphisa, ukuphendula nokuhlaziya:**  
Kule minyaka imbalwa idluleyo, iPhondo liye lajamelana ubuncinane nesiganeko esinye esikhulu esithe sabeka engozini ubomi babantu. Ezi ziganeko zisenokwahluka ukusuka kwimililo, iimbalela, izikhukula nezifo ezasulelayo phakathi kwezinye izinto. Into ephambili kwiSebe kukukhusela bemi kwezi ngozi zeentlekele. limeko ezitshintsha umhla nezolo zifuna ukuba iPhondo liqhubekeke nokuphula isixokelelwano sokulawulwa kweentlekele nokuqinisa ubuchule. KwisiKhokelo seNkcitho-mali yesiQingatha soNyaka sika-2023, kujoliswe kucwangciso nokuqulunqwa kwezicwangciso-qhinga ezisebenzayo neziqinileyo ekuphenduleni kwiingozi nemingcipheko eyahlukeneyo yokutshintsha kwemozulu nenefuthe kwimpilo-ntle yabahlali, uqoqosho kwakunye nezixokelelwano zamaseko ezinto ezisetyenziswayo.

Urhulumente wamakhaya ngundoqo kuhanjiso lweenkonzo, yaye ke ngoko unendiba ebalulekileyo ekumiliselweni kwemigaqo-nkqubo neendlela zoqoqosho olukhulu lwesizwe. Into yokuba abemi bayamthemba urhulumente inxulumene ngokungqalileyo nendlela aphenhula ngayo urhulumente kwiimfuno zabo nokuqukwa kwabo kwiinkqubo eziyilelwe ukubeka phambili iimfuno zabo.



**UMnu. AW Bredell**  
**UMPHATHISWA WOORHULUMENTE BASEKHAYA,**  
**IMICIMBI YOKUSINGQONGILEYO NESICWANGCISO**  
**SOPHURLISO**

31 Matshi 2023



UMnu. G Paulse

Njengoko siziqhelanisa neziphumo ze-COVID-19, ngoku sijongene nengxaki yobonelelo ngombane, yaye andiyithandabuzi into yokuba siza kuyila ze similisele izicwangciso-qhinga zokukhawulelana nefuthe lale ngxiki eluntwini. Ngokuhlalutya nokwenza izigqibo ezisekelwe kubume bendawo, iPhondo lisebenze ngokubambisana ekukhuseleni abemi ngamaxasha kaxakeka. Xa ngaba siqhutywa ngamandla nomfutho ofanayo, ngokuqinisekileyo siza kuphinda ngokubambiseneyo sikhusele abemi bethu kwiziphumo zokuphazamiseka kobonelelo lombane, ngokukodwa ekuqinisekiseni uhanjiso lweenkonzo ezingundoqo oluqhubekekayo. Ingxaki yombane, phakathi koqoqosho olubuthathaka, inika urhulumente imingeni yokuqulunqa iindlela ezintsha zokungenelela, ezizinzileyo neziphendulayo. Ngokukhuthaza ulwahlulelwano namasebe akwarhulumente kuwo onke amanqanaba, icandelo lamashishini abucala, imimandla yoluntu kwakunye nee-NGO, akuzukhuselwa nje kuphela uhanjiso lweenkonzo kodwa lunokukhawuleziswa. INdlela yokuSebenza ngokuBambisana kwiZithili noMasipala oMbaxa iza kuqhubeka isisiseko esiluhlalima ekumele kumiliselwe kuso uhlahlo lwabiwo-mali, ucwangciso nokumiliselwa kweenkqubo ezingundoqo koomasipala.

Urhulumente wamakhaya ngundoqo kuyo nayiphi imizamo karhulumente yokugxagxamisa uhanjiso lweenkonzo yaye oku kuhlab' ikhwelo kubo bonke abanebango abangundoqo ukuba batyale izimali koorhulumente basemakhaya ukuze kuqinisekise ukuzinza koorhulumente bamakhaya. Ukuze kufezekise oku kufuneka ulawulo olufanelekileyo olusekelwe koorhulumente bamakhaya abasebenza ngempumelelo, ngokufanelekileyo, ngobungcali, ngokuphendula, nokuza neendlela ezintsha zokwenza izinto. Ooceba boomasipala banendima ebalulekileyo ekuqinisekiseni ulawulo olufanelekileyo koomasipala. Eli Sebe liza kuthi gqolo ukuqinisa inkxaso yalo eqhubekayo nokuxhobisa ooceba ngolwazi oluyimfuneko nezakhono ukuze babe nakho ukuphumeza iimbopheleleko zabo zokongamela. Ingxelo efunyenweyo ivela kwiinkqubo eziqhutywayo sithetha nje iza kufaka umfutho ongakumbi kwiqela lam ukuze kutyalwe imali engakumbi kule nkalo.

Ifuthe elikhulu lokuphazamiseka kobonelelo lombane ekuboneleleni ngeenkonzo ezingundoqo lifuna ingqalelo ekhawulezileyo nengxamisekileyo. Ngenxa yokuba iSebe linikwe isigunyaziso sokuxhasa nokuqinisa amandla oomasipala okukwazi ukufezekisa esabo isigunyaziso abasinikiweyo, kuza kuqaliswa amaphulo aliqela ngenjongo yokuncedisa oomasipala balawule yaye bacuthe ifuthe ukuphazamiseka kobonelelo ngombane okungapheliyo okunalo kunikezelo lweenkonzo ezingundoqo. Oku kuquka, phakathi kwezinye izinto, iinkonzo zeengcebiso zobuchwepheshe, ukuqulunqwa kwezicwangciso-qhinga zokuphendula, ukuhlolwa kweenxalenye kumaseko angundoqo ezinto ezisetyenziswayo, nokwenza kube lula ukubakho kobambiswano ekufuneni izisombululo ezizinzileyo.

Indlela esetyenziswa nguRhulumente weNtshona Koloni yokuhlangabezana nemingcipheko yeentlekele ekuhambeni kweminyaka iye yatshintsha yaba yeyokulindela into engekehli, kujoliswe ekuchongeni imingcipheko enokubangela iintlekele nokumiliselwa kwemilinganiselo yokuthintela iintlekele ukuba zingenzeke kunye nokunciphisa ukuba nobuzaza kwazo. Nakuba sisebenzisa le ndlela, ngenxa yohlobo lwazo, iintlekele zingenzeke yaye ngenxa yesi sizathu, kuyimfuneko ukuba kugcinwe yaye kuqiniseke amandla afanelekileyo okuphendula kwiintlekele. Oku kuza kwenziwa ngokusekelwe kwizinto eziboniweyo, amava nezifundiweyo kwiimeko eziliqela zeentlekele ezilawulwa liZiko loLawulo lweenNtlekele.

Ngenxa yemeko ekuyiyo ngoku kwezoqoqosho, iSebe ngokuhambelana nezinto eziphambili zikaRhulumente weNtshona Koloni, linembopheleleko yokuphucula

iindlela abaphila ngazo abemi. IiNkqubo zeThusong nabaSebenzi bokuPhuhliswa koLuntu zingqineke zisebenza ngempumelelo ekuphuculeni ukufikeleleka kweenkonzo zikarhulumente nolwazi kunye nokusondeza urhulumente ebantwini. Ukongeza, iSebe liza kuqhubeka nokuqinisa iinkonzo ezingundoqo ngokuxhasa nokubek' esweni ukumiliselwa kweenkqubo zamaseko ezinto ezisetyenziswayo anjongo yawo ikukuphucula ukubonelela ngeenkonzo ezingundoqo.

Uhanjiso lweenkonzo ukuze kuxhamle abantu beli Phondo ayingomsebenzi woomasipala bodwa, ikwaluxanduva lukaRhulumente weSizwe, uRhulumente wePhondo, amashishini abucala kwakunye nemibutho yoluntu. Ngamaqonga ahlukeneyo entsebenziswano phakathi kwezigaba zonke zikarhulumente, iSebe liza kuqhubeka likhokela amaphulo kwinqanaba lezicwangciso-qhinga nokusebenza ukuze kukhuthazwe imeko eyenza kube lula ukusebenzisana ukuze kubekwe phambili uhanjiso lweenkonzo olukhawulezayo.



**UMnu. G Paulse**  
**INTLOKO YESEBE, ISEBE LOORHULUMENTE**  
**BASEKHAYA**

31 Matshi 2023

## Unikezelo Olusesikweni

### Oku kukuqinisekisa ukuba esi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka:

- siphuhliswe lulawulo lweSebe looRhulumente bamaKhaya phantsi kokhokelo lukaMnu. AW Bredell.
- sinika ingqalelo kuyo yonke imigaqo-nkqubo efanelekileyo, imithetho nezinye izigunyaziso zeSebe looRhulumente bamaKhaya.
- sibonisa ngokuchanekileyo iziPhumo neeMveliso iSebe looRhulumente bamaKhaya eliza kuzabalazela ukuzifezekisa kwisithuba sika-2023/24.

Mnu. A Dlwengu

Umlawuli: Umgaqo-nkqubo kunye neNkxaso yesiCwangciso



Nkszn. B Sewlall-Singh

Igosa lezeMali eliyiNtloko



Nksk. N Zamxaka

Ulawuli Oyintloko: Uhanjiso lweeNkonzo oluDibeneyo



Nksk. E Barnard

Ulawuli Oyintloko: Ukuqwalaselwa kokuSebenza kukaMasipala neNkxaso



Mnu. C Deiner

Ulawuli Oyintloko: Ulawulo lweeNtlekele kunye neeNkonzo zokuCima uMlilo



Mnu. G Paulse

Igosa loBalo-mali (iNtloko yeSebe)



### Sigunyaziswe ngu-:

Mnu. AW Bredell

UMPHATHISWA WOORHULUMENTE BASEKHAYA,  
IMICIMBI YOKUSINGQONGILEYO  
NESICWANGCISO SOPHUHLISO





## Uluhlu Lwezifinyezo

<b>I-AO:</b>	Igosa loBalo-mali
<b>I-BAS:</b>	Inkqubo eSiseko yoBalo-mali
<b>I-CDW:</b>	Umsebenzi woPhuhliso loluNtu
<b>I-CSC:</b>	Iziko leeNkonzo zamaShishini
<b>I-CoCT:</b>	IsiXeko saseKapa
<b>I-CoE</b>	Imbuyekezo yabaSebenzi
<b>I-CWP:</b>	Inkqubo yemiSebenzi yolunTu
<b>I-DCF:</b>	Iqonga leeNgxoxo zokuNxibelelanisa iiNgingqi
<b>I-DCOG:</b>	Isebe loLawulo lweNtsebenziswano
<b>I-D: ERM:</b>	Icandelo loLawulo: ukuPhathwa koMngcipheko weShishini
<b>I-DEADP:</b>	ISebe leMicimbi yokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso
<b>I-DLG:</b>	ISebe looRhulumente baseMakhaya
<b>I-DM:</b>	Umasipala weNgingqi
<b>I-DORA:</b>	Umthetho wokwaHlulwa kweNgeniso
<b>I-DPME:</b>	ISebe lokuBeka iliSo noVavanyo
<b>I-DRAP:</b>	Isicwangciso sokuSebenza sokuVuselela emva kweMbalela
<b>I-GCIS:</b>	INkqubo yakwaRhulumente yoNxibelelwano nobuChwepheshe
<b>I-ICT:</b>	UbuGcisa beNkcazelo noNxibelelwano
<b>I-IDP:</b>	Isicwangciso soPhuhliso esiHlangeneyo
<b>I-IGR:</b>	Ubudlelwano ebuRhulumenteni
<b>I-JDMA:</b>	Indlela yokubambisa kwisiThili noMasipala oMbaxa
<b>I-LED:</b>	Uphuhliso lwezoQoqosho Ekuhlaleni
<b>I-LGTAS:</b>	Isicwangciso sokuGuququla iMeko sooRhulumente baseKhaya
<b>I-M&amp;E:</b>	UkuQwalaselwa nokuHlolwa
<b>I-MFMA:</b>	Umthetho woLawulo lweMali kooMasipala
<b>I-MGRO:</b>	Uhlaziyo loLawulo kuMasipala neMbonakalo
<b>I-MIG:</b>	Isibonelelo seziSeko zikaMasipala
<b>I-MIGMIS:</b>	Isixokelelwano sezobuChwepheshe soLawulo lweziBonelelo zamaSeko kuMasipala
<b>I-MINMAY:</b>	Iqonga leeNgxoxo loMphathiswa wePhondo looRhulumente baseKhaya nooSodolophu besiGqeba
<b>I-MINMAYTECH:</b>	Iqonga leeNgxoxo leNtloko yeSebe: OoRhulumente baseKhaya nabaPhathi booMasipala
<b>I-MISA:</b>	I-Arhente yokuxhasa amaSeko kooMasipala
<b>I-MPRA:</b>	Umthetho weeReyithi zoMhlaba kaMasipala, 2004 (uMthetho 6 ka-2004)
<b>I-MTEF:</b>	Isiseko seNkcitho-mali saPhakathi noNyaka
<b>I-MTSF:</b>	Isikhokelo sobuChule seXesha eliPhakathi
<b>I-MSA:</b>	Umthetho weNkqubo kaMasipala, 2000 (uMthetho 32 ka-2000)
<b>I-NDP:</b>	Isicwangciso soPhuhliso seSizwe
<b>I-NDMC:</b>	Iziko loLawulo lweeNtlekele lukaZwelonke
<b>I-NEMA:</b>	Umthetho kaZwelonke woLawulo lokusiNgqongileyo, 1998 (uMthetho 107 ka-1998)
<b>I-NSDP:</b>	Umbono woPhuhliso lweeNdawo kuZwelonke

## List of abbreviations

---

<b>I-OPMS:</b>	Inkqubo yoLawulo lweNtsebenzo yoMbutho
<b>I-PFCTech:</b>	Iqonga leeNgxoxo zeNtsebenziswano leNkulumbuso
<b>I-PFMA:</b>	Umthetho woLawulo lweziMali kaWonkewonke, 2003
<b>I-PGMTEC:</b>	IKomiti yeNkcitho yeXesha eliPhakathi kuRhulumente wePhondo
<b>I-PMS:</b>	Inkqubo yoLawulo lweNtsebenzo
<b>I-PSDF:</b>	Isikhokelo soPhuhliso lweNdawo sePhondo
<b>I-PT:</b>	Umgcini-mafa kwiPhondo
<b>I-RMT:</b>	Iqela loLawulo kwiNgingqi
<b>I-SALGA:</b>	UMbutho wooRhulumente baseKhaya waseMzantsi Afrika
<b>I-SDBIP:</b>	Uhanjiso lweNkonzo nesiCwangciso sokuMiliselwa koHlahlo Lwabiwo-mali
<b>I-SDF:</b>	Isikhokelo soPhuhliso lweNdawo
<b>I-SDI:</b>	Ukuhlanganiswa koHanjiso lweNkonzo
<b>I-SIME:</b>	Icebo lokuSebenzisana ngokuHlanganisa ooMasipala
<b>I-TIME</b>	Uthethathethwano looMasipala oluHlangeneyo lobuGcisa
<b>I-TSC:</b>	Iziko leeNkonzo iThusong
<b>I-VIP</b>	Into Ephambili Ngokusekelwe Kumbono
<b>I-WCG:</b>	URhulumente weNtshona Koloni.
<b>I-WCIDWRP:</b>	Isicwangciso Esihlanganisiweyo Sokuphendula seMbalela naManzi eNtshona Koloni
<b>I-WOSA:</b>	Indlela Yokusebenza Noluntu Ngokupheleleyo

# Table of Contents

---

<b>INXALENYE A: Isigunyaziso Sethu</b>	<b>11</b>
1. Izigunyaziso Zomgaqo-siseko	12
2. Uhlaziyo kwizigunyaziso zomthetho ezifanelekileyo nemigaqo-nkqubo	12
3. Ukuhlaziywa Kwemigaqo-nkqubo Nezicwangciso-qhinga Zesebe	15
4. Uhlaziyo Kwizigwebo Zenkundla Ezisebenzayo	15
<b>INXALENYE B: EsiJolise kuko kweQhinga lethu</b>	<b>17</b>
5. Umbono	18
6. Umnqophiso	18
7. Iimpawu Zentsulungeko	18
8. Uhlalutyo Lweemeko Oluhlengahlengisiweyo	18
8.1 Inkangeleko Yobume Boorhulumente Basemakhaya: Izizathu Ezingaphandle	16
8.2 Uhlalutyo Lweemeko Zangaphakathi	22
8.3 Ukulungelelaniswa Kokubalulekileyo Kwesizwe, Kwephondo Nokoohulumente Basemakhaya	23
8.4 Ukulungelelaniswa Nokubalulekileyo Okungundoqo Kwimigaqo-nkqubo Yephondo	24
<b>INXALENYE C: Ukulinganiswa komsebenzi wethu</b>	<b>29</b>
9. Ulwazi Ngokusebenza Kweziko	32
9.1 INkqubo 1: ULawulo	32
9.2 INkqubo 2: Ulawulo lwaseKhaya	35
9.3 INkqubo 3: UkuPhuhlisa nokuCwangcisa	51
9.4 INkqubo 3: UkuPhuhlisa nokuCwangcisa	62
10. Imingcipheko Eyintloko Ehlaziyiweyo Noncitshiso	64
11. Amaqumrhu karhulumente	66
12. Iiprojekthi Zamaseko Ezixhobo	66
13. Ubambiswano phakathi kwamacandelo kaRhulumente nawaBucala	66
<b>INXALENYE D: Ingcaciso Yesalathisi Sobugcisa</b>	<b>67</b>
Inkqubo 1: ULawulo	71
Inkqubo 2: Ulawulo lwaseKhaya	72
Inkqubo 3: UkuPhuhlisa nokuCwangcisa	118
<b>Annexures</b>	<b>147</b>



INXA-  
LENYE  
A:

## Isigunyaziso Sethu



# Isigunyaziso Sethu

## 1. Izigunyaziso Zomgaqo-siseko

UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika (1996) ubonelela ngesikhokelo-nkqubo esiphahle uzwelonke somsebenzi wawo onke amasebe karhulumente eMzantsi Afrika. Isahluko 7 sithi theca iinjongo nezigunyaziso ngokuphathelele oorhulumente bamakhaya. Izigunyaziso ezilandelayo zeSebe looRhulumente bamaKhaya zinokucatshulwa koku:

- Ukumisela oomasipala bahambelane nomthetho kazwelonke.
- Ukuxhasa nokomeleza amandla oomasipala.
- Ukulawula intsebenzo yoomasipala ngokwemisebenzi yabo edweliswe kwiShedyuli 4 no-5 zoMgaqo-siseko.
- Ukungenelela apho umthetho, izinyanzeliso zolawulo okanye zemali zingafezekiswanga; kunye
- Nokukhuthaza ukuphuhliswa koorhulumente bamakhaya

## 2. Uhlaziyo kwizigunyaziso zomthetho ezifanelekileyo nemigaqo-nkqubo

2.1 Iphepha leNgcaciso ngoMthetho oYilwayo malunga nooRhulumente bamaKhaya (1998) kunye noluhlu lwemithetho enxulumeneyo eyathi yalandela emva koko (echazwe ngezantsi) libonelela ngemeko yesizwe yoorhulumente bamakhaya elizweni ngokubanzi.

	Umthetho	Ugunyaziso
A	<b>Oorhulumente baseKhaya: Umthetho Wokucandwa kweMida yooMasipala, 1998 (uMthetho 27 ka-1998)</b>	Lo Mthetho ubonelela: <ul style="list-style-type: none"> <li>• ngeemfaneleko neenkqubo zokumiselwa kwemida yoomasipala ligunya elizimeleyo.</li> </ul>
B	<b>OoMasipala: Umthetho Weziseko zooMasipala, 1998 (uMthetho 117 ka-1998)</b>	Lo Mthetho ubonelela: <ul style="list-style-type: none"> <li>• ukuseka oomasipala ngokweemfuno ezinxulumene neendidi nohlobo loomasipala;</li> <li>• ukuseka iimfaneleko zokumisela udidi lukamasipala oza kusekwa kuloo ngingqi;</li> <li>• ukuchaza uhlobo lukamasipala olunokusekwa kudidi ngalunye;</li> <li>• ukwahlula ngokufanelekileyo kwemisebenzi namagunya phakathi kweendidi zikamasipala; kunye</li> <li>• Ukulawula iinkqubo zangaphakathi, iziseko kunye nabasezikhundleni koomasipala.</li> </ul>

## Isigunyaziso Sethu

	Umthetho	Ugunyaziso
C	<b>OoMasipala: Umthetho weeNkqubo zikaMasipala, 2000 (uMthetho 32 ka-2000)</b>	<p>Lo Mthetho ubonelela:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• ngezinto eziyintloko ezingundoqo, iindlela kunye neenkqubo eziyimfuneko ukwenzela oomasipala bakwazi ukuba nenkqubela ekuphakamiseni uluntu noqoqosho lweengingqi zasekuhlaleni;</li> <li>• ukuqinisekisa ufikelelo jikelele kwiinkonzo ezibalulekileyo ezinokufikeleleka kumntu wonke;</li> <li>• ukuchaza imeko esemthethweni kamasipala, kuquka uluntu lwasekuhlaleni olukummandla kamasipala;</li> <li>• amagunya nemisebenzi kamasipala;</li> <li>• ukuthatha inxaxheba kwabahlali;</li> <li>• ukuseka isiseko esizivumayo iinkqubo ezingundoqo zokuceba, zokulawula ukusebenza, ukuhanjiswa kwezinto notshintsho kumbutho;</li> <li>• isiseko solawulo loluntu lwasekuhlaleni kunye nokuphuhlisa abasebenzi;</li> <li>• ukuxhobisa abahluphekayo, ukuqiniseka ukuba oomasipala bamisela iirhafu zeenkonzo kunye nemigaqo-nkqubo yokulawula amatyala ethatha ingqalelo kwiimfuno zabo; kunye</li> <li>• ukuphanda malunga nezityholo zobuqhetseba, ulawulo olugwenxa, urhwaphilizo kunye/okanye ukusilela kokuthotyelwa kweembopheleleko ezisemthethweni kwizinga likamasipala.</li> </ul>
D	<b>OoRhulumente baseKhaya: Umthetho wokuLawula iiMali zooMasipala, 2003 (uMthetho 56 ka-2003) (i-MFMA)</b>	<p>Lo Mthetho ubonelela:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• ngolawulo lokhuselo olululo noluzinzileyo kwimicimbi yezemali yoomasipala namanye amaziko kurhulumente wendawo yasekuhlaleni; kunye</li> <li>• nokuseka izithethe nemigangatho yoonongxowa yeendawo zasekuhlaleni zikarhulumente.</li> </ul>
E	<b>OoRhulumente baseKhaya: Umthetho weeReyithi zoMhlaba kaMasipala, 2004 (uMthetho 6 ka-2004) ngokokutshintshwa nguRhulumente waseKhaya: Umthetho oTshintshiweyo weeReyithi zePropati kaMasipala, 2014 (uMthetho 29 ka-2014)</b>	<p>Lo Mthetho ubonelela:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• ngolawulo lokhuselo olululo noluzinzileyo kwimicimbi yezemali yoomasipala;</li> <li>• ukuseka izithethe nemigangatho nxamnye nokuba imicimbi yezemali ikwazi ukuqwalaselwa nokuba ilinganiswe;</li> <li>• ukulawula igunya likamasipala lokunyanzelisa iireyithi kwipropati;</li> <li>• ukungabandakanyi iipropati ezithile kureyitho, ukuze kulungiselelwe oomasipala baphumeze inkqubo evulekileyo nenobulungisa yokubekelwa bucala;</li> <li>• ukwazisa isaphulelo ngemigaqo-nkqubo yokureyitha;</li> <li>• ukwenza ilungiselelo leendlela ezinobulungisa nezivulekileyo zokuqikelela amaxabiso eepropati; kunye</li> <li>• ukwenza ilungiselelo lenkqubo 'yokuphikisa neyokubhena'.</li> </ul> <p>OoRhulumente baseKhaya: Umthetho oTshintshiweyo weeReyithi zePropati kaMasipala, 2014 waqala ukusebenza ngomhla woku-1 kuJulayi 2015.</p> <p>Lo Mthetho ujolise ekuboneleleni ngotshintsho olwahlukahlukeneyo, ukufakela nokucinywa ukuze kuphuculwe ukubikwa okufanelekileyo, ukuthotyelwa nokuphunyezwa kweenkqubo zalo Mthetho.</p>

## Isigunyaziso Sethu

	Umthetho	Ugunyaziso
F	<b>Umthetho woLawulo lweeNtlekele, 2002 (uMthetho 57 ka-2002)</b>	<p>Lo Mthetho ubonelela:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• ukuhlunganisa nokulungelelanisa umgaqo-nkqubo wolawulo lweentlekele, ojolise ekuthinteleni okanye ekunciphiseni umngcipheko weentlekele ukunqanda ubuzaza beentlekele;</li> <li>• ukulungela ungxamiseko, ukusabela ngokukhawuleza nangokuyimpulelo kwiintlekele kunye nokulungisa umonakalo wasemva kwentlekele;</li> <li>• ukuseka amaziko olawulo lweentlekele kazwelonke, amaphondo nakamasipala;</li> <li>• amavolontiya olawulo lweentlekele; kunye</li> <li>• nemicimbi enxulumene noko.</li> </ul>
G	<b>Umthetho oTshintshiweyo woLawulo lweeNtlekele, 2015 (uMthetho 16 ka-2015)</b>	<p>Lo Mthetho ubonelela:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• ukucacisa kokujoliswa komgaqo-nkqubo ekubuyiseleni kwimeko yesiqhelo kunye nokusebenza kwamaziko olawulo lweentlekele;</li> <li>• ukulungelelaniswa kwemisebenzi yeForam yeNgcebiso ngoLawulo lweeNtlekele lukaZwelonke ukuze kulungiselelwe iQonga leSizwe loMzantsi Afrika lokuNcitiswa kweMingcipheko yeeNtlekele;</li> <li>• uMkhosi woKhuseleko weSizwe waseMzantsi Afrika, iNkonzo yamaPolisa yaseMzantsi Afrika kunye nalo naliphi na elinye icandelo likarhulumente lokunceda iziseko zolawulo lweentlekele; kunye</li> <li>• ukomeleza iinkqubo zokubikwa komngcipheko wentlekele ukuze kuphuculwe ukukwazi kweSizwe okulawula iintlekele ezinokubakho.</li> </ul>
H	<b>Umthetho weSiseko sobuDlelwane eburhulumenteni, 2005 (uMthetho 13 ka-2005)</b>	<p>Injongo yalo Mthetho:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kukuseka isiseko sikarhulumente kazwelonke, oorhulumente bamaphondo noomasipala ukukhuthaza nokuququzelela ubudlelwane eburhulumenteni; kunye</li> <li>• nokubonelela ngeendlela kunye neenkqubo zokuququzelela ukusonjululwa kwamabango eburhulumenteni.</li> </ul>
I	<b>Umthetho wesiCwangciso soMhlaba noLawulo lokuSetyenziswa koMhlaba, 2013 (uMthetho 16 ka-2013)</b>	<p>Lo Mthetho:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• ubonelela ngesiseko sesicwangciso somhlaba kunye nolawulo lokusetyenziswa komhlaba kwiriphabliki</li> <li>• ucacisa unxibelelwano phakathi kwesicwangciso somhlaba nenkqubo yolawulo lokusetyenziswa komhlaba kunye nezinye iintlobo zesicwangciso</li> <li>• ukubandakanya, ukuphuhlisa isicwangciso somhlaba esinobulungisa nesisebenzayo kumacandelo ahlukahlukeneyo karhulumente</li> <li>• ubonelela ngesiseko sokuqwalasela, ukulungelelanisa kunye nokuhlola isicwangciso somhlaba kunye nenkqubo yolawulo lokusetyenziswa komhlaba</li> <li>• ubonelela ngesiseko semigaqo-nkqubo, imigaqo, izithethe kunye nemilinganiselo yesicwangciso sophuhliso lomhlaba kunye nolawulo lokusetyenziswa komhlaba</li> <li>• ukulungisa ukungalingani kwemihlaba kwangaphambili nokuyilawula</li> <li>• ukhuthaza ukugqinelana okukhulu nokufana kwiinkqubo zesicelo nasekwenzeni izigqibo ngamagunya anoxanduva lokwenza izigqibo zokusetyenziswa komhlaba kunye nezicelo zokuphuhlisa</li> <li>• ukubonelela ngokusekwa, ngemisebenzi nokusebenza kweNkundla zeziCwangciso zikaMasipala</li> <li>• ukwalathisa ekuququzeleleni nasekunyanzelisweni kwemilinganiselo yokusetyenziswa komhlaba nophuhliso.</li> </ul>

## Isigunyaziso Sethu

### 3. Ukuhlaziywa Kwemigaqo-nkqubo Nezicwangciso-qhinga Zesebe

Kanjalo umsebenzi woorhulumente bamakhaya uchatshazelwa zizigunyaziso zemigaqo-nkqubo ezilandelayo:

- Ukumiliselwa Kwendlela Yokubambisana Kwesithili Nomasipala Ombaxa;
- Isicwangciso soPhuhliso kuZwelonke (i-Vision 2030);
- Isicwangciso soPhuhliso lweZakhono kuZwelonke, 2030;
- INtshona Koloni: Izinto Eziphambili Ngokusekelwe Kumbono;
- Isikhokelo-nkqubo soLawulo lweeNtlekele eNtshona Koloni, 2010;
- Iinqobo zeBatho Pele;
- Isikhokelo-nkqubo soMgaqo-nkqubo wesiXokelelwano sokuBek' eSweni noVavanyo sikaRhulumente Ngokubanzi, 2007;
- Isikhokelo-nkqubo Sokuqinisekiswa Kokuba Semgangathweni Ngokweenkcukacha-manani soMzantsi Afrika, 2007;
- Umbono woPhuhliso lweeNdawo kuZwelonke, 2002;
- Isikhokelo-nkqubo soPhuhliso lweeNdawo sePhondo, 2014;
- Isikhokelo-nkqubo soLawulo lweeNtlekele kuZwelonke, 2005;
- Isicwangciso sokuPhumelela Kwkhona seNtshona Koloni, 2021; kunye
- NokuHluma eNtshona Koloni kwesiCwangciso-qhinga semiSebenzi 2023

### 4. Uhlaziyo Kwizigwebo Zenkundla Ezisebenzayo

#### 4.1 Asikho

## Isigunyaziso Sethu

---

A



**INXA-  
LENYE  
B**

**EsiJolise kuko  
kweQhinga  
lethu**

## EsiJolise kuko kweQhinga lethu

### 5. Umbono

Iqela elisebenza ngokufanelekileyo nango-kupheleleyo elenza kube lula ukuba oomasipala abalawulwa kakuhle bahambise iinkonzo eluntwini ngendlela ephendula iimfuno zalo, ezinzileyo nehlanganisiweyo.

### 6. Umnqophiso

Ukubek' esweni, ukuququzelela nokuxhasa oomasipala ukuze baphumelele ekufezekiseni izigunyaziso zabo zophuhliso nokubhexesha uhanjiso lweenkonzo nokuxhathisa iintlekele ngokuthethana nokubonisana nezigaba zakwarhulumente nabahlakani kwezentlalo.

### 7. Iimpawu Zentsulungeko

Iimpawu zentsulungeko zeSebe ziyafana neempawu zentsulungeko zephondo, oko kukuthi,

- Ukukhathalela;
- Ukwenza ngokugqibeleleyo;
- Ukuzimisela ukundula;
- Ukuthembeka;
- Ukuphendula; kunye
- Nokusungula iindlela ezintsha.

### 8. Uhlalutyo Lweemeko Oluhlengahlengisiweyo

#### 8.1 Inkangeleko Yobume Boorhulumente Basemakhaya: Izizathu Ezingaphandle

Ukuqonda ubukhulu nokwakheka kwenani labemi kuneentsingiselo ezinkulu kucwangciso luka-rhulumente lokuhambisa iinkonzo.<sup>1</sup> Iingqikelelo zamanani abemi zaphakathi enyakeni zika-2022 zibonisa ukuba inani labemi beli Phondo liqikelelwa ukuba zizigidi eziyi-7 212 412, oku kukunyuka nge-1.4% xa kuthalekiswa no-2021. Inani leminyaka umntu anokulindela ukuphila ngalo kuzwelonke ekuzalweni ngo-2021 beliqikelelwa kwiminyaka eyi-60.0 kumadoda neminyaka eyi-65.6 kubantu ababhinqileyo, ngelixa eli nani lehlele ukusuka kwinani leminyaka anokulindela ukuphila ngalo ekuzalweni ngo-2020 elaliqikelelwa ukuba yiminyaka eyi-62.4 kumadoda neminyaka eyi-68.4 kubantu ababhinqileyo, linyuke nje kancinci xa kuthalekiswa neengqikelelo zika-2021. Oku kunxibelelene nokwehla

okumalunga ne-5% kwinani labantu abaswelekayo. Amanani ephondo ohluka nje kancinci kumanani kazwelonke, apho amadoda kuqikelelwa ukuba kulindeleke aphile iminyaka eyi-66.3 ze bona abantu ababhinqileyo baphile iminyaka eyi-71.7.

Iphondo leNtshona Koloni neGauteng kwisithuba esiphakathi kuka-2021 no-2026 kuqikelelwa ukuba aza kubona ukugxalathelana kakhulu kwabantu abeza kula maphondo abamalunga ne-460 489 kunye ne-1 443 978 ngokwahlukana kwawo.



#### Izizathu Zopolitiko

Unyulo looRhulumente basemakhaya luka-2021 lwaphumela ekubeni konyulwe oocaba abatsha. Oku kwakhokelela ekunyukeni kwenani loomasipala abalawulwa ngomdibaniselwano. Ngelixa iinguqu kubunkokheli bezopolitiko zisenokutshintsha izicwangciso-qhinga, oku kumele kungachaphazeli ukusebenza ngokuphumelelayo komasipala. Oku kwalatha kwimbaluleka yokunika oocaba ithuba lokufumana uqeqesho oluqhubekayo nenkxaso ukuze kuqinisekiswa ukuba bayakwazi ukwenza imisebenzi yabo ngokuphumelelayo. ISebel linoxanduva lokuxhasa ukudluliselwa ngokusulungekileyo kolawulo koorhulumente basemakhaya. Umqulu wenkxaso ukuze kuzinziswe ulawulo olufanelekileyo koomasipala uza kuquka:

- Ukuxhotyiswa ngezakhono nokuqeqeshwa kooocaba abatsha,
- Ukufunyanwa kwezinqinisekiso zezemfundo ngoocaba,
- Ukuhlola umgangatho wendlela ekuqeshwa ngayo abaphathi abaphezulu koomasipala,
- Ukucebisa nokuxhasa ngokuqhubekayo utoliko lwezomthetho nokunye ngeli thuba lokudluliselwa kolawulo.
- Ukuqwalasela ukungahoywa okuthe gabalala kwemiyalelo engokomthetho okusenokuba kudibene neenguqu kwimeko yezopolitiko.



#### Izizathu Zezoqoqosho

Over the last two to three years there have been Kule minyaka mibini ukuya kwemithathu edluleyo kuye kwakho iziganeko eziliqela emhlabeni wonke nalapha elizweni ezinefuthe elibi kwezoqoqosho. Ngo-2020 nango-2021, iingxaki zezoqoqosho ezaziswa ngubhubhane zathetha ukuba oomasipala bajongene neningeni emikhulu ekuqokeleleni imali yeereyithi kubantu abahlawula iireyithi abebetsala nzima ngokwasemalini, okubangele ukuba oomasipala abaliqela balahlekelwe yingeniso, ngelixa oomasipala

<sup>1</sup> I-Statistics South Africa, Statistical release P032, Mid-year population estimates 2022, July 2022.

## EsiJolise kuko kweQhinga lethu

kufuneka bethwele uxanduva olungakumbi. Ukunyuka kwamaxabiso ezinto namaqondo enzala ekupheleni kuka-2021 ekuqaleni kuka-2022 nako kubeka uxinzelelo kumandla abahlali okukwazi ukubhatalela iinkonzo zikamasipala. Okunxibelelene noku kukunyuka kwamaxabiso empahla okunxibelelene nemfazwe ese-Ukraine. Owona mqobo mkhulu kuhlumo olungakumbi lwezoqoqosho kukungabikho kobonelelo lombane oluthembekileyo okuye kwaqatsela kwezi nyanga zimbalela zidluleyo yaye kulindeleke ukuba oku kuqhubeka.

Asiyonto nje yokuba iinkonzo zikamasipala zezona zisemngciphekweni kwifuthe lokuphazamiseka kobonelelo lombane njengoko amaseko ezinto ezisetyenziswayo exhomekeke embaneni kodwa yinyani yokuba abahlali bayaphuma kwigradi. Ifuthe lalo nongangela kukuncipha kwentlawulo yee-akhawunti zombane okuthi kube nefuthe kwingeniso kamasipala.

Ukuhamba kwexesha elide umbane ungekho kuvulela amasela ithuba kunye nomonakalo ongakumbi kumaseko ombane avele ephantsi koxinzelelo olumandla, kubangela okunye ukulibaziseka kobonelelo lombane. Kanjalo abahlalutyi banenkolo yokuba ilahleko eqikelelwayo yezoqoqosho ngenxa yokuphazamiseka kobonelelo lombane ingakhokelela ekucuthekeni kwamathuba emisebenzi avulekayo okanye nkqubo nokuphelelwa yimisebenzi.

Indlela yokuxhasa ngemali esetyenziswayo ngoku ithetha ukuba oomasipala kufuneka baxhomekeke ekuqokeleleni iirhafu yaye iireyithi azizinzanga, xa abahlali bengakwazi ukubhatala, yaye umasipala akakwazi ukulawula iindleko zakhe, isiphumo iba kukungazinzi okuthe gqolo ngokwezemali.

Ngenxa yeengxaki zezimali abazifumana bekuzo oomasipala, ezenziwa zibe nzima nangakumbi yinkcitho eyongezelelekileyo yokuthenga izinto zokusetyenziswa xa umbane umkile, ingenzeka into yokuba abanye oomasipala bazibone bekwimeko yokungakwazi ukugcina ii-akhawunti zabo zamatyala.

Ayithandabuzeki into yokuba, ukutyala imali ekulungiseni nasekutshintsheni amaseko ezinto ezisetyenziswayo ngundoqo ekuvuselelekeni kwezoqoqosho yaye kumele kubekwe kwindawo yokuqala kwizicwangciso zophuhliso nezezimali zexesha elide koomasipala. Utyalo-mali olunjalo luza kunceda ukukhawulelana nenqwaba yemingeni efana nale, ukophuka kwezixhobo ezisetyenziswayo okunxibelelene nezixhobo ezindala nokuphepha izisombululo zexeshana xa kunyuswa umgangatho wezixhobo ezisetyenziswayo, ngelixa kubonelelwa ngeenkonzo kumashishini nasemakhayeni yaye kuxhaswa nophuhliso lwezoqoqosho.

Ngokuvumelana nento ephambili kwiphondo yoHlumo lwemiSebenzi, iSebe liza kusebenza nabo banebango abangundoqo kuquka amashishini abucala ze lixhase oomasipala kuphuhliso nokugcinwa kwezixhobo zezinto ezisetyenziswayo okuzinzileyo ukwenzela uhanjiso lweenkonzo oluphuculiweyo nokuhluma kwezoqoqosho. Ezinye zeeprojekthi ziza kuquka:

- Ukuqhubeka nokuthi thaca isiCwangciso esinoNyamezelo saManzi;
- Ukuphuhlisa i-WCIDWRP yeminyaka eyi-15 ukuqinisekisa unyamezelo lwamanzi kwiPhondo.
- Ukuququzelela nokubhexesha ukuthiwa thaca kweziCwangciso-qhinga ezinoNyamezelo zaMandla kooMasipala.
- Ukuhlolisisa iindlela ezintsha zokuhlawulela amaseko ezixhobo ezisetyenziswayo kubanjiswene namaziko abalizi abaxhasa ngemali.
- Ukubek' esweni ukumiliselwa kwezicwangciso ezixhaswa ngemali yezibonelelo zamaseko ezixhobo ezisetyenziswayo nokunika inkcazelo kuhlaziyo lwemigaqo-nkqubo.
- Ukubonelela ngeenkonzo zeengcebiso zobuchwepheshe noncedo koomasipala.
- Ukwandisa ucwangciso lwamaseko ezixhobo zosetyenziso oluhlanganisiweyo nolunxibeleleneyo koomasipala
- Incoko malunga nokuqwalasela ngokutsha indlela entsha yenkxaso-mali yokuphila kakuhle koomasipala iseyinto ephambili.

## EsiJolise kuko kweQhinga lethu



### Izizathu Zezentlalo

Umthombo: I-Stats SA Quarterly Labour Force Survey.

#### Izinga Elikhutshwe Ngokusemthethweni Lentswela-ngqesho ngokwePhondo

	Jun - Sep 2021	Epr - Jun 2022	Jul - Sep 2022	Utshintsho ukusuka kwikota ukuya kwenye	Utshintsho ukusuka kunyaka ukuya komnye
	Ipesenti			Amanqaku eepesenti	
eMzantsi Afrika	34,9	33,9	32,9	-1,0	-2,0
eNtshona Koloni	26,3	27,5	24,5	-3,0	-1,8
eMpuma Koloni	47,4	42,8	42,4	-0,4	-5,0
eMntla Koloni	24,9	23,7	26,4	2,7	1,5
eFreyistata	38,1	32,4	33,8	1,4	-4,3
eKwaZulu-Natal	28,7	32,7	30,6	-2,1	1,9
eMntla Ntshona	35,7	32,2	39,0	6,8	3,3
eRhawutini	37,0	34,4	33,7	-0,7	-3,3
eMpumalanga	37,5	36,1	35,1	-1,0	-2,4
eLimpopo	32,5	36,3	31,0	-5,3	-1,5

Ubhubhane we-COVID-19 ueb nefuthe elinobuzaza kwimizamo yokudala imiseebnzi kwiLizwe naseNtshona Koloni okubangele ukuba izinga lentswela-ngqesho libe phezulu ukuya kutsho ku-34.9% no-26.3 ngokwahlukeneyo. Nakuba ithubile engasentla ibonisa umqondiso omncinci wokuhla kwintswela-ngqesho, la manani asengaphantsi lee kumazinga ebekho kwiPhondo ngaphambi kokufika kukabhubhane.<sup>2</sup> Kwikota 3 ka-2022, izinga elikhutshwe ngokusemthethweni lentswela-ngqesho lihle ngenqaku lepesenti elingu-2 ukuya ku-32.9 lisuka ku-34.9 kwikota efanayo ngo-2021. Utshintso oluncumisayo ukusuka kunyaka ukuya komnye libonakele naseMpuma Koloni, eFreyistata, eGauteng, eMpumalanga, eNtshona Koloni naseLimpopo. INtshona Koloni ibe kwindawo yesibini ekuphuculeni izinga lentswela-ngqesho nge-3%.<sup>3</sup> UHlalutyo lwezoQoqosho kwiPhondo kunye neMbonakalo luka-2022/23 lubonisa ukuba “kwikota yokuqala ka-2022, amanqanaba engqesho eNtshona Koloni ebesemi kwi-8.1 pesenti ngaphantsi kwamanqanaba awayekho ngaphambi kukabhubhane”.

Intlupheko nentswela-ngqesho zisathe gqolo ukuba nefuthe elibi kwiimeko abaphila kuzo abemi. Oomasipala ngenxa yeendawo abakuzo bazifumana bekwimeko apho bejongene nokunyuka kwezinga lokufunwa kohanjiso lweenkonzo. Oku kungenxa yokuba abemi bamjonga urhulumente njengento enye yaye balindele ukuba ocebaba basekuhlaleni baphendule ngemibandela ngokomthetho engenanto yakwenza nabo. Ngelixa oomasipala betsala nzima ukufumana imithombo yoncedo ukuqinisa uhanjiso lweenkonzo, imeko yamaseko ezixhobo zosetyenziso iyaqhubeka isiba maxongo ngenxa yokuba madala kunye nokonakaliswa kwempahla. Ukukhawulelana neningeni yamaseko ezixhobo zosetyenziso kufuna umgudu omkhulu kubo bonke abanebango kuquka imimandla yoluntu njengoko ukubuyisela la maseko ezixhobo zosetyenziso kuziindleko eziphezulu.

Ngenxa yeengxaki zemali abajongene nazo oomasipala, ukunyuka kwenani labantu abangaqeshwanga kuba kuba neziphumo ezibi koomasipala. Oku kusengaphumela ekunyukeni

<sup>2</sup> I-Statistics South Africa, Statistical release P0211, Quarterly Labour Force Survey, Ikota 3: 2022, 29 Novemba 2022.

<sup>3</sup> I-Statistics South Africa, Statistical release P0211, Quarterly Labour Force Survey, Ikota 3: 2022, 29 Novemba 2022..

## EsiJolise kuko kweQhinga lethu

kwenani lamakhaya ahlwempuzekileyo asenokungakwazi ukubhatalela iireyithi neenkonzozikamasipala nekuthi kufuneke oomasipala bazixhase ngokwabo. Ukuzinza koomasipala kuxhomekeke kakhulu ekukwazini kwabahlali ukubhatalela iinkonzozikamasipala.

Ukongeza koku, kukho imfuneko yokuba urhulumente athethathethane nabemi malunga nohanjiso lweenkonzo kunye nemibandela ehlobene nohlahlo lwabiwo-mali nokujolisa ngokukhethekileyo kumaphulo okulwa nobundlobongela obusekelwe kwisini nobulungisa ngokobuni. ISebe, ngokuhambelana nezinto eziphambili kuRhulumente weNtshona Koloni linoxanduva lokuphucula iimeko abaphila kuzo abemi. Iinkqubo eziza kumiliselwa ziza kujolisa kwizinto ezilandelayo:

- Ukuphucula ufikelelo kwiinkonzozikarhulumente nolwazi;
- Ukuphucula ufikelelo kwiinkonzozikarhulumente nolwazi;
- Ukuqinisa uthatho-nxaxheba loluntu ngokuxhobisa abemi ngeenkqubo zokufundisa zoluntu,
- Ukuqinisa iinkonzozizisisiseko ngenkxaso nokubek' esweni ukumiliselwa kweenkqubo zamaseko ezixhobo zosetyenziso ezinjongo yawo ikukuphucula iinkonzozizisisiseko ezihlobene noomasipala,
- Ukuqinisa uqhagamshelwano koomasipala, kunye
- Nokumiliselwa kweeprojekthi zezentlalo nezozoqoqosho ukuze kuphuculwe iimeko abaphila kuzo abemi.



### Izizathu Zezobuchwepheshe

I-Fourth Industrial Revolution (i-4IR) ixesha elitsha lokuqungaqungwa kwezoqoqosho nelineziphumo eziqaphelekayo kwezentlalo nezozoqoqosho eMzantsi Afrika. Ukusetyenziswa okukhulayo kobuchwepheshe obutsha obufana ne-artificial intelligence, i-cloud computing, iirobotikhi, ubuchwepheshe obuhambele phambili obungasebenzisi minxeba kwezonzibelelwano kuvula amathuba angasikelwanga mda otshintsho olungathi lube namandla okukhawulelana nemingeni yezentlalo nezozoqoqosho. Ngokomzekelo, ukunaba

kobuchwepheshe bedijithali bunamandla okuxhobisa abahluphekileyo ngendlela yokufikelela kulwazi, amathuba emisebenzi neenkonzozinokuphucula imigangatho yempilo yabo.<sup>4</sup> Ukusungula iindlela ezintsha zokwenza izinto ngundoqo we-Fourth Industrial Revolution, ukubanga iinzuzo kukho imfuneko yokuyila iimeko ezenza kube lula nokunabisa amandla okubhexesha nokuxhasa oku kusungula iindlela ezintsha zokwenza izinto kufunekayo.

Ezobuchwepheshe zakha ngokutsha amashishini, urhulumente, ezemfundo, ezempilo kwanayo nje yonke inkangeleko yobomi bethu yaye i-COVID-19 iye yasinyusa isantya semfuneko yokuba urhulumente akhangele amathuba edijithali. Oku kubangele ukuba kwezoshishino nakurhulumente ngokufanayo, kusetyenziswe ezobuchwepheshe yaye kufunyanwe iindlela ezintsha zokuhambisa iinkonzozosetyenziswa obu buchwepheshe. Luya lukhula uxinzelelo abaphantsi kwalo oorhulumente basemakhaya lokuba batshintshe ngokukhawulezileyo izixokelelwano kunye nobuchwepheshe yaye bafumane izisombululo zobuchwepheshe bedijithali ukuze baqhubeka neembopheleleko zohanjiso lweenkonzo nangaphaya kwamaxesha e-COVID-19.

Oomasipala bayashiyana ngamanqaba okukhula yaye ukuba baza kukwazi ukuxhakamfula amathuba ahamba nenkqubela-phambili kwezobuchwepheshe, kuza kufuneka bancediswe kokubini kulawulo nakwimingeni abajongene nayo yokuba nobuchule bokusebenza.

ISebe liza kuqhubeka nokuxhasa oomasipala ukufumana iindlela zobulumko obutsha bokusebenzisa inkqubela-phambili yezobuchwepheshe ekuphuculweni kohanjiso lweenkonzo. Kule MTEF ilandelayo iSebe liza kuxhasa oomasipala ngeenkqubo ezifana nezi:

- Ulawulo lweDatha kooMasipala;
- IsiXokelelwano soLawulo loLwazi siquka i-M&E, idashibhodi yentsebenzo yooMasipala;
- Ukumiselwa kwesithethe sokusebenzisa uLawulo lwe-GIS ne-ICT.



### Izizathu Ezingokwendalo Engqongileyo

Eli Phondo liva iziphumo zotshintsho lwemozulu apho izifumo zalo ngokwezimali nazo zinokudala umonakalo omkhulu ngokufanayo nalowo udalwa kukuphazamiseka okungalindelekanga okubangelwa zizaqhwithi, izikhukula, imililo nembalela ezinokukhokelela kukuphazamiseka okukhulu.

<sup>4</sup> I-Njuguna Ndung'u and Landry Signe, 2020, *I-Fourth Industrial Revolution nosetyenziso lwedijithali luza kuyitshintsha i-Afrika ibe yindawo enamandla emhlabeni wonke.*



## EsiJolise kuko kweQhinga lethu

Izikhukula kutshanje ezenzeke eGeorge zingqina inyani yokuba eli Phondo laziwa ngokuba liyathandwa yimingcipheko efananokhukuliseko ekungenzeka kubangelwa kukunyuka komgangatho wolwandle nezaqhwithi ezinzima. Ukongeza, kwiminyaka-mali edluleyo, eli Phondo laliye ubuncinane libe nawo umlilo omnye okanye emibini emikhulu ngonyaka. Ezi ziganeko zenza kwafuneka ukuba iSebe lisebenzise ubutyebi balo ekuthinteleni ifuthe elibi kwezoqoqosho nakubomi babemi beli Phondo.

Izakhiwo ezahlukeneyo zolawulo lweentlekele kwinqanaba lephondo, loomasipala nee-arhente ezingezozaburhulumente zijamelana nemingeni ebalulekileyo ngokuphathelele utshintsho kungcipheko weentlekele kula mashumi mabini eminyaka edluleyo.

Okokuqala, imo yomngcipheko iye yatshintsha yaba yintlanganisela yotshintsho lwemozulu emhlabeni wonke kunye nolawulo oluhlwempuzekileyo (okanye olungekhoyo) lwezinto zoncedo namaseko ezixhobo zosetyenziso. Elona futhe likhulu loku ibe kukuba ilahleko ephakamileyo yobomi, ipropati nomonakalo kumaseko ezixhobo zosetyenziso ibonakala kwiindawo neemeko apho ngaphambili bezikade zikhawuleza zibuyele kwimeko entle ngokukhawulezileyo ngokwentlekiso kwisiganeko esifanayo. Ixesha nezinto ezininzi ngokugqithisileyo ngoku kufuneka zibekwe ngokutsha ngenjongo yokukhawulelana nokubuyela kwimeko entle nokulungisa indawo echaphazelekileyo.

Okwesibini, ngenxa yezizathu ezohlukeneyo izinto zoncedo ebezithathwa ngokuba zibalulekile kulawulo lwentlekele ngoku zikwimeko embi kakhulu (ngenxa yokungakhathalelwa okanye ukulinganiselwa kwenkxaso-mali) okanye azisafumaneki. Yinyaniso eyamkelekileyo into yokuba uMkhosi wezoKhuselo weSizwe ungabonelela kuphela ngenani elilinganiselwe gqitha lezinto zoncedo ekuncediseni abasemagunyeni kulawulo lweentlekele zoluntu (ngokukodwa ngezinto zoncedo lwasemoyeni).

Okokugqibela, imingeni kwimeko yezolawulo nayo ibone iziganeko eziliqela ezikhulu kwezoshishino nezothutho ezindleleni/koololiwe zisenzeka nezikhokelele kwilahleko enkulu yobomi, ipropati namaseko ezixhobo zosetyenziso. Ukugcinwa nokuthuthwa okungenamimiselo kweekhemikhali eziyingozi kunamandla okuvelisa inqwaba yeentlekele ngeqbuliso njengoko sibonile kwiziganeko zakutshanje eBeirut (ugqabhuko-dubulo lwe-Ammonium Nitrate), eMilnerton (ugqabhuko-dubulo lwe-Astron Energy) naseBoksburg (ugqabhuko-

dubulo lwe-Liquid Petroleum Gas). Ukongeza, ukusuka ngo-2020, eli Phondo lityhubele iziganeko ezinkulu zokungena kwabantu ngendlov' iyangena emihlabeni abangenalungelo lokwakha kuyo yaye oku kufak' isandla kumngcipheko wentlekele elichanabeke kuwo iPhondo ngenxa yendawo ezigxunyekwa kuyo ezi ndawo zokuhlala zingekho mthethweni kwimimandla enomngcipheko omkhulu.

Ngoko e kuya kusiba yimfuneko enkulu ukuba iPhondo lenze izicwangciso ze limisele izisombululo ekuphenduleni kwiingozi nemingcipheko eyahlukene yemozulu enefuthe kwintlalo-ntle yabahlali, kwezoqoqosho, kwakunye nezixokelelwano zamaseko ezixhobo zosetyenziso.



### Izizathu Ezingokomthetho

Ukuqeshwa kwabaPhathi abaPhezulu koomasipala kulawulwa yi-Municipal Systems Act, 2000, iSebe liza kuqhubeka nokubonelela ngenkxaso malunga nokubek' esweni ukuvalwa kwezithuba zemisebenzi nokubonelela ngomkhombandlela ngokuphathelele imiyalelo yomthetho kwinkqubo yokugaya nokuqesha nokwenza kube lula ukuthunyelwa kwamagosa asuswa kwezinye iindawo athunyelwe kwiindawo ezinendingeko. Kwindawo ekuchongwe kuzo ukungathotyelwa komthetho, iSebe liza kulandela inkqubo emiselweyo yokunyanzelisa ukuthotyelwa.

Imimiselo neziKhokelo zabaSebenzi bakaMasipala kooRhulumente basemaKhaya phantsi kweCandelo 72, lifundwa kunye neCandelo 120 le-Local Government Municipal Systems Act, 2000 (uMthetho 32 ka-2000), njengoko wapasiswa nguMphathiswa woLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yeMveli nge-20 kaSeptemba 2021 kunye neSetyula 12 ka-2022 yeSebe loLawulo lweNtsebenziswano; inabisa ukumiliselwa kweSahluko 2 no-4 ukuya kumhla woku-1 kaJulayi 2023. ISebe, libambisene neSebe loLawulo lweNtsebenziswano kunye neManyano yooRhulumente basemaKhaya boMzantsi Afrika eNtshona Koloni, liza kuqhubeka nokuxhasa oomasipala ukuqinisekisa ukuba bakulungele ukumiliselwa.

Amandla nemisebenzi ngokuphathelele iMicimbi yeMveli namaKhoi-San kwiPhondo idluliselwe kuMphathiswa wePhondo ohoye ooRhulumente basemaKhaya. ISebe kufuneka libonelele ngamandla eziko ukuze likwazi, phakathi kwezinye izinto, ukwenza lo mthetho usebenze, libek' esweni umsebenzi weKhomishini yeMibandela yamaKhoi-San, kwakunye nokucebisa iNkulumbuso ngale nkqubo.

## EsiJolise kuko kweQhinga lethu

ICandelo 106 le-Municipal Systems Act, 2000 (“uMthetho weeSistimi”) lithi kufuneka uMphathiswa wePhondo ophethe ooRhulumente basemaKhaya aqalise uphando lwephondo ngokuphathelele umasipala eNtshona Koloni ukuba ngaba (i) unesizathu sokukholelwa ukuba umasipala akakwazi okanye akayifezekisi imfanelo esemthethweni ebophelelayo kuloo masipala, okanye ukuba ulawulo olugwenxa, ubuqhophololo, urhwaphilizo okanye nasiphi esinye isenzo esitenxileyo senzekile okanye siyenzeka kuloo masipala; yaye (ii) ucinga ukuba uphando olunjalo luyimfuneko.

Enye yeentsilelo ezibalulekileyo kwinkqubo-sikhokelo yomthetho kukuba akwenziwanga sibonelelo soneleyo semilinganiselo yenkuthalo yokubhaqa kwangoko kunye nokungenelela kwiimeko zorhwaphilizo nobuqhophololo koomasipala, nakwimeko apho umasipala engena kwimeko yokuxakaniseka.

### 8.2 Uhlatutyo Lweemeko Zangaphakathi

Eli Sebe linezithuba zabasebenzi xa bebonke abayi-376 ezimele zibe nabasebenzi, yaye i-97.3 % kwezi zithuba ibinabasebenzi ukuya kutsho nge-31 kaMatshi 2022, okubangele ukuba izinga lezithuba ezingenabasebenzi libe yi-2.7%.

INkqubo	Inani lezithuba ezimele zibe nabasebenzi	Inani lezithuba ezinabasebenzi	Izinga lezithuba ezingenabasebenzi ngokwe-%
INkqubo 1	70	68	2,9
INkqubo 2	244	238	2,5
INkqubo 3	62	60	3,2
<b>Ziconke</b>	<b>376</b>	<b>366</b>	<b>2,7</b>

Kulandela ukuqalisa kokusebenza kwe-Traditional and Khoi-San Leadership Act, 2019 (uMthetho 3 ka-2019) ngomhla woku-1 ka-Epreli 2021, iNkulumbuso inike uMphathiswa wePhondo ophethe ooRhulumente basemaKhaya amagunya nemisebenzi enxulumene nemicimbi yezeMveli namaKhoi-San. Lo Mthetho ubonelela, phakathi kwezinye izinto, ngokuqondwa kwemimandla yoluntu lwamaKhoi-San, amasebe amaKhoi-San, iinkokheli eziphezulu zamaKhoi-San neentloko zamasebe amaKhoi-San. Lo Mthetho, ngezibonelelo ezahlukeneyo, ufuna ukuba iSebe liqulunqe imithetho nemigaqo-nkqubo yephondo yokumiliselela izibonelelo ezithile zalo Mthetho. Eli Sebe kufuneka liqulunqe amandla okwenza ibe sisithethe apha ukumiliselela izibonelelo zalo Mthetho.

Eli Sebe libeke kwindawo ephambili ukwenziwa kophando, ukuqulunqa imigaqo-nkqubo nemithetho kunye neenkonzo zenkxaso kumabhunga emveli ukuze kube lula ukumiliselwa kwe-Traditional and Khoi-San Leadership Act (uMthetho 3 ka-2019). Izithuba zemisebenzi ziza kuvalwa ngokwezivumelwano kunikwa ithuba inkqubo yokumisela ukwakheka okufanelekileyo kombutho. Lo msebenzi uza kwabelwa iNkqubo 4: Ulawulo lwamaZiko esiNtu ethe yamiliselwa ukuba isebenze.

## EsiJolise kuko kweQhinga lethu

### 8.3 Ukulungelelaniswa Kokubalulekileyo Kwesizwe, Kwephondo Nokoohulumente Basemakhaya

Okubalulekileyo kweli Sebe kwiminyaka emihlanu elandelayo kuye kwaphenjelwa kokubalulekileyo kwesizwe, kwephondo nokoohulumente basemakhaya..

#### 8.3.1 Ukulungelelaniswa Nenkqubo-sikhokelo YesiCwangciso Sobuchule Sexesha Eliphakathi

Ukulungelelaniswa neNkqubo-sikhokelo yesiCwangciso sobuChule seXesha eliPhakathi (i-MTSF) kumele kuqondwe kwimeko yokuba iSebe lilungelelaniswe nesiCwangciso sobuChule sePhondo soRhulumente waseNtshona Koloni njengoko sichazwe ngokweenkukacha kwitheyibhile engezantsi.

No	Okubalulekileyo kwe-MTSF	Okubalulekileyo ngokwesicwangciso sePhondo	Ungenelelo lwemiGaqo-nkqubo ye-DLG
1	Ukwakha umbuso onamandla okwenza izinto, osesikweni nophuhlisekayo	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuguqulwa kuhambo nangokweendawo</li> <li>Ukuyila izinto ezintsha nezithethe</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Indlela Yokusebenza Ngobambiswano kweziThili (i-JDA)</li> <li>Intsebenziswano nabemi – Ukunatyiswa kokufundiswa koluntu</li> <li>Ukuqinisa ulawulo nokuphendulisa</li> </ul>
2	Ukuguqulwa kwezoqoqosho nokudalwa kwemisebenzi	<ul style="list-style-type: none"> <li>Uhlumo nemisebenzi</li> <li>Ukuguqulwa kuhambo nangokweendawo</li> <li>Ukuyila izinto ezintsha nezithethe</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuphathwa nokusebenza kakuhle koomasipala</li> <li>Inkqubo-sikhokelo yePhondo yoLawulo lweeNtlekele – Ukuqinisa aMandla oLawulo lweeNtlekele kooMasipala</li> <li>Ukwakha nokulondoloza amaseko ezixhobo zosetyenziso</li> <li>Ukuyila imeko evumela ukuhluma kwezoqoqosho ngonyamezelo lwemithombo yamanzi – Isicwangciso seNtshukumo yokuPhendula kwiMbalela (i-DRAP) nesiCwangciso semiNyaka eyi-15 seNtshona Koloni soNyamezelo lwaManzi (i-WCWRP). Inkqubo zobuHlakani no-DEDAT ukwandlala iNkqubo yoNyamezelo lwaMandla kooMasipala (i-MER) Ubuhlakani ne-Arhente yezoPhuhliso yaseFransi (i-AFD) ukuhlola iindlela ezintsha kwiNkxaso-mali yamaseko ezixhobo nokumiliselwa kwezicwangciso zobuchule neemodeli</li> </ul>
3	Ezempilo, izakhono nezempilo	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuxhobisa abantu</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuqinisa iNtsebenziswano nabemi – inkqubo yokugadwa kwabantwana ukuphuma kwesikolo kusetyenziswa amaZiko eThusong</li> <li>Ii-Municipal Graduate Internship</li> </ul>
4	Ukuqinisa umvuzo wezentlalo ngokunikela iinkonzo ezisisiseko ezithembekileyo nezisemgangathweni	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuxhobisa abantu</li> <li>Imimandla yoluntu ekhuselekileyo nenemvisiswano</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukwandisa ukhuseleko kwiindawo zikawonke wonke</li> <li>Intsebenziswano Nabemi</li> </ul>
5	Uhlanganiso olungokweendawo, ukuzinziswa kwabantu noorhulumente basemakhaya	<ul style="list-style-type: none"> <li>Uhlumo nemisebenzi</li> <li>Imimandla yoluntu ekhuselekileyo nenemvisiswano</li> <li>Ukuguqulwa kuhambo nangokweendawo</li> <li>Ukuyila izinto ezintsha nezithethe</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukusebenza Ngokubambisana Kwizithili Noomasipala Abambaxa (i-JMDA)</li> <li>Intsebenziswano Nabemi – Ukunatyiswa kwenkqubo yokufundiswa koluntu</li> <li>Ukuqinisa ulawulo nokuphendulisa</li> <li>Ubuhlakani neBhanki yezoPhuhliso ye-Afrika esemaZantsi (i-DBSA) ekuxhaseni ngemali iziCwangciso ezinguNdoqo zamaSeko eziXhobo neeNkqubo-sikhokelo zeNkcitho enguNdoqo</li> </ul>

## EsiJolise kuko kweQhinga lethu

No	Okubalulekileyo kwe-MTSF	Okubalulekileo ngokwesiCwangciso sePhondo	Ungenelelo lwemiGaqo-nkqubo ye-DLG
6	Imvisiswano kwezentlalo nemimandla yoluntu ekhuselekileyo	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuxhobisa abantu</li> <li>Imimandla yoluntu ekhuselekileyo nenemvisiswano</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuqinisa intsebenziswano noluntu</li> <li>Ukusebenza Ngokubambisana Kwezithili (i-JDMA)</li> <li>Ukuqinisa ulawulo nokuphendulisa</li> <li>Izicwangciso Ezingundoqo Zamaseko Ezixhobo</li> <li>Isicwangciso sobuchule esihlanganisiweyo semililo noKhuseleko loBomi</li> </ul>
7	I-Afrika nehlabathi elingcono kakhulu	<ul style="list-style-type: none"> <li>Uhlumo nemisebenzi</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Inkqubo-sikhokelo yePhondo yoLawulo lweeNtlekele – Ukuqinisa aMandla oLawulo lweeNtlekele kooMasipala</li> <li>Ukwakha nokulondoloza amaseko ezixhobo</li> <li>Ukuyila imeko evumela ukuhluma kwezoqoqosho ngonyamezelo lwemithombo yamanzi – Isicwangciso seNtshukumo yokuPhendula kwiMbalela (i-DRAP) nesiCwangciso semiNyaka eyi-15 seNtshona Koloni seeNkqubo zoNyamezelo IwaManzi (i-WCWRP)</li> </ul>

### 8.4 Ukulungelelaniswa Nokubalulekileyo Okungundoqo Kwimigaqo-nkqubo Yephondo

**8.4.1 Ukulungelelaniswa Nesicwangciso Sokuvuseleleka seNtshona Koloni** The priorities of the Department are aligned to the priorities of the Western Cape Government, the table below indicates initiatives that the Department will implement.

Okubalulekileyo	Ungenelelo
<b>Ukhuseleko</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukufundisa uluntu ngemingcipheko yentlekele nemilinganiselo yokufuduka kusetyenziswa amaPhulo Okufundisa Ngeengozi.</li> <li>Ukuqhuba Inkqubo Yokuhlola Imingcipheko Nokuba Sengozini ukuze kuqondwe imimandla esemngciphekweni ze kuqulunqwe izicwangciso zobuchule zokunciphisa imingcipheko.</li> <li>Ukuxhasa ukwakhiwa kwentsika ephakamileyo yesibane kwakunye neendawo zokuhlambela kwiindawo ezithile zamatyotyombe.</li> </ul>
<b>Uhlumo Ukuze Kubekho Imisebenzi</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukubhexesha utyalo-zimali kumaseko ezixhobo oluxhasa ukuyilwa kwemisebenzi ngesiBonelelo samaSeko eziXhobo ooMasipala.</li> <li>Ukuyilwa kwamathuba kusetyenziswa iNkqubo yemiSebenzi yoluNtu.</li> <li>Uphuhliso Oluzinzileyo Lwamaseko Ezixhobo neNkqubo Yeendawo Zenkxaso-mali.</li> <li>Ukhuseleko nokuba nonyamezelo lwamanzi njengexalenye yesiCwangciso esiNonyamezelo saManzi sePhondo.</li> </ul>
<b>Impilo-ntle</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Kumiliselwe iindawo zokwenza umsebenzi wesikolo owenzelwa ekhayeni ngeNkqubo iThusong.</li> <li>Ukuphucula ufikeleleko lweenkonzo zakwarhulumente ngokusebenzisa amaZiko eeNkonzo eThusong.</li> </ul>

ISebe lidlale indima ebalulekileyo yokusebenzisana noluntu koomasipala ukuze kusetyenziswe ngokubhekele phaya isicwangciso sokuvuseleleka kwinqanaba lezithili yaye oku kuzele amaduna namathokazi kwiiprojekthi ezimiliselwe ngeNkqubo Yokusebenzisana Nezithili Noomasipala Abambaxa. Ukuqinisa intsebenziswano phakathi korhulumente wephondo noomasipala ukwenza lula indlela yokunika ingxelo kwiKhabhinethi yePhondo kusengumbandela obalulekileyo ngokukodwa kwimeko yokusebenza ngokobume beendawo eye yamkelwa yi-WCG. ISebe liza kuqhubeka nokudlala indima eyintloko ukumiliselweni kweNkqubo Yokusebenzisana Nezithili Noomasipala Abambaxa kweli Phondo okuye kwayitshintsha kakhulu indlela iPhondo elisebenza ngayo.

## EsiJolise kuko kweQhinga lethu

### 8.4.2 Ukulungelelaniswa Nesicwangciso Sobuchule Sephondo sika-2020-2025

Itheyibhile engezantsi ibonisa amaphulo aza kumiliselwa liSebe naligalelo lalo kwisiCwangciso sobuChule sePhondo (i-PSP) ngokwendawo ekujoliswe kuyo..

Indawo Yojoliso ngokwe-VIP	Amaphulo
<b>VIP 1: Imimandla Yoluntu Ekhuselekileyo Nenemvisiswano</b>	
<b>Indawo Yojoliso 3:</b> Imvisiswano eyandisiweyo kwezentlalo nokhuseleka kweendawo zikawonke wonke	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuxhaswa koomasipala ngokufakelelwa kwezibane ezitratweni nezibane ezixhonywe kwiintsika ezinde eziphakamileyo neekhamera zokucupha ulwaphulo-mthetho.</li> <li>• INkqubo yabaSebenzi boPhuhliso loluNtu iza kubonelela ngeeseshini neengxoxo zokudlulisela ulwazi. Iinkqubo zokufikelela eluntwini, uthethelelo, nokuqondiswa ngezomthetho kuza kusetyenziswa ngokupheleleyo ekwaziseni uluntu ngamalungelo olu ngokubhekisele ubuNdlombongela Obusekelwe Ngokwesini. Kwiphulo lokuThintela nokuFundisa ngokuSetyenziswa Kakubi koTywala neziYobisi kuza kuthethwa nangesihloko sobundlobongela basemakhaya.</li> <li>• Ukuqhutywa kweNkqubo zokuHlola imiNgcipheko Nokuba Sengozini ukuze kuqondwe iindawo zoluntu ezisemngciphekweni yaye kuqulunqwe izicwangciso zobuchule zokunciphisa imingcipheko.</li> </ul>
<b>VIP 2: Ukuhluma Nemisebenzi</b>	
<b>Indawo yojoliso 2:</b> Ukwakha nokulondoloza amaseko ezixhobo	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuxhasa oomasipala ekucutheni usetyenziso olusezantsi lwemali yamaseko ezixhobo nokuphumeza ucwangciso lwamaseko ezixhobo lwexesha eliphakathi ukuya kwixesha elide ukuze kuqinisekise ukuba kukho ipotifoliyo yeeprojekthi ezilungele ukumiliselwa.</li> <li>• Ukuxhasa oomasipala ngokuchonga nokulungiselela iiprojekthi zamaseko ezixhobo aluncedo kwezoqoqosho anxibelelene nokuhluma koomasipala abohlukeneyo nezicwangciso zobuchule zophuhliso.</li> </ul>
<b>Indawo yojoliso 5:</b> Ukuyila imeko evumela ukuhluma kwezoqoqosho ngonyamezelo lwemithombo	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuba nonyamezelo kutshintsho lwemozulu: Isicwangciso sobuChule soTshintsho lweMozulu seNtshona Koloni kwakunye nesicwangciso se-SmartAGRI ziza kumiliselwa yaye kusetyenziswe iindlela zolawulo lweentlekele nemingcipheko.</li> <li>• Ukuthoba umngcipheko wemililo ngokubonisa imephu yeendawo ezinomngcipheko ophakamileyo wokuba nemililo nokumiliselwa izicwangciso zobuchule zokuthintela imililo nokwandisa amandla eenkonzo zokucima imililo.</li> <li>• Ukhuseleko Lwamanzi-ukuqulunqwa kwesiCwangciso esiHlanganisiweyo semiNyaka eyi-15 seNtshona Koloni sokuPhendula kwiiMbalela naManzi ukuze kufikelelwe kwiphondo elinonyamezelo kakhulu ngokuphathelele amanzi.</li> <li>• Izicwangciso Zobuchule Zokwandiswa Kwamanzi (i-DRAP).</li> </ul>
<b>VIP 3: Ukuxhobisa Abantu</b>	
<b>Indawo yojoliso 3:</b> Ulutsha nezakhono (ukunabisa nokuzinzisa iinkqubo zasemva kwesikolo)	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukusetyenziswa kwamaZiko eThusong njengeqonga lokunabisa ukubonelela ngeendawo ezikhuselekileyo zeenkqubo zokugcinwa kwabantwana ukuphuma kwesikolo.</li> </ul>
<b>VIP 4: Ukuguqulwa Kokuhamba-hamba Neendawo</b>	
<b>Indawo yojoliso 4:</b> Ukuphucula iindawo abahlala kuzo abantu	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuqulunqa iziCwangciso ezinguNdoqo zamaSeko eziXhobo.</li> <li>• Ukuncedisa ngokulungelelanisa ucwangciso nokumiliselwa kwamaseko ezixhobo.</li> <li>• Iiprojekthi yee-alamu zomsa kwiindawo zamatyotyombe.</li> </ul>

## EsiJolise kuko kweQhinga lethu

Indawo Yojoliso ngokwe-VIP	Amaphulo
<b>VIP 5: Ukuyila lindlela Ezintsha Nesithethe</b>	
<b>Indawo yojoliso 3:</b> Uhanjiso Lweenkonzo Oluhlanganisiweyo	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukubhexesha ukuqulunqwa nokumiliselwa kwesiCwangciso esiHlanganisiweyo somSebenzi kunye nesiCwangciso esiHlanganisiweyo sokuMilisela sonyaka kusetyenziswa i-JDA.</li> <li>• Kuza kuqulunqwa isiCwangciso esiHlanganisiweyo sokuMilisela sonyaka ukuze kube nokwenzeka uhanjiso oluhlanganisiweyo lweenkonzo kusetyenziswa i-JDA.</li> <li>• Ukusebenzisa ngokupheleleyo amaqonga eengxoxo e-IGR eNtshona Koloni nakwisithili ngasinye ukuze kwandiswe intsebenziswano yocwangciso, yohlahlo lwabiwo-mali neyokumilisela kunye ngokubambiseneyo.</li> </ul> <p><b>Ukuxhotyiswa Kwabemi</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuphuhlisa nokunatyiswa kwenkqubo yokufundiswa koluntu.</li> <li>• Ukuphuhlisa kwemiQulu yeeNkoko zabaXhasi/zabaThengi koomasipala.</li> </ul>
<b>Indawo yojoliso 4:</b> Ukuguqulwa kwezolawulo	<p>Ukuqinisa Nokulondoloza Ulawulo Nokuphendulisa</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuhlolwa nokucaciswa kwemithetho nemigaqo-nkqubo neenkqubo zeziko ekuyileni imeko elungele uhanjiso lweenkonzo.</li> <li>• Ukuqeqeshwa kwamagosa aqeshiweyo koomasipala.</li> <li>• Ukwakha amandla eziko ukuze kuqiniseke yaye kulondolozwe ulawulo nokuphendulisa kwinqanaba loomasipala.</li> <li>• Ukwakha amandla nokuqeqeshwa kooceba ukuqinisa indima yabo yokongamela.</li> <li>• Iimpendulo eziqinisekileyo kwizityholo zorhwaphilizo, zobuqhopholololo nolawulo olugwenxa.</li> <li>• Ulawulo lwedatha nolwazi okunefuthe ekwenziweni kwezigqibo kwiphondo nakoomasipala.</li> </ul>

### 8.4.3 Ukulungelelaniswa neendawo ezinezihloko ezithile kuhlalo lwabiwo-mali lwephondo kwi-2023 MTEF

Itheyibhile elandelayo ibonisa amaphulo eSebe ngokunxulumene nezihloko ezikuhlalo lwabiwo-mali.

Isihloko Sohlahlo-mali	Ungenelelo lwe-DLG
Uhlalo-mali Lokuphendula Kwezesini	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Iinkqubo zoFikelelo kuluNtu zeThusong ziza kujolisa kwisini kunye namahlakani angundoqo.</li> <li>• Ukuqhubeka kuxhaswa ukumiliselwa kwe-“Team Juliet”-ukwaziswa nokungeniswa ekhaya kwabacimi-mlilo abangamabhinqa.</li> <li>• Ukubandakanya kwemigaqo yojoliso olusekelwe kwezesini xa kuhlolwa iiprojekthi ezinokuxhaswa ngemali liSebe.</li> <li>• Ukubalulekisa ooceba abangamabhinqa namagosa kamasipala angamabhinqa kuqeqesho olucwangcisiweyo nolungacwangciswanga oluqhutywa liSebe.</li> <li>• Ukuzama ukuphembelela iSebe loLawulo lweNtsebenziswano ukuba kukhethwe abathathi-nxaxheba abangamabhinqa xa kungqinisekiswa yaye kukhutshwa iziqinisekiso kwiNkqubo yabaSebenzi boluNtu.</li> </ul>
Ukubandakanya Kwabemi	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukukhulisa ukuxhotyiswa ngokusindleka iinkqubo zokuya eluntwini ukuze lufundiswe ngemicimbi yoluntu kubanjiswene noomasipala kunye namasebe orhulumente wephondo angundoqo kuhanjiso lweenkonzo. Ukuqhubeka nokutyala izimali nokuphucula iindlela eziqhelekileyo zonxibelelwano ngelixa kukwaxhaswa namaqonga onxibelelwano ngedijithali njengoko iimfuno zoluntu zohlukahlukene.</li> <li>• Ukujolisa kwiprojekthi zamaseko ezixhobo okuhanjiswa kweenkonzo okuthi kufak' isandla ekufikeleleni kweenkonzo zakwarhulumente nokwandisa uhanjiso lweenkonzo kubemi.</li> </ul>

## EsiJolise kuko kweQhinga lethu

Isihloko Sohlahlo-mali	Ungenelelo lwe-DLG
Utshintsho Lwemozulu: Isihlomelo Kuhlahlo-mali	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukufaka imigaqo ejoliswe kutshintsho lwemozulu xa kuhlolwa iiprojekthi iSebe elicinga ukuzixhasa ngemali.</li> <li>• Ukusebenzisa iNdlela yeNtsebenziswano Phakathi kweziThili nooMasipala abamba (i-JDMA) ekubhexesheni ucwangciso kunye, uhlahlo lwabiwo-mali kunye nokumiliselwa kunye okunolwavela kutshintsho lwemozulu kwinqanaba lezithili.</li> <li>• Ukuxhasa ngoCwangciso loBonelelo-mbane kooMasipala ekuncediseni oomasipala babe nonyamezelo kwezombane ngokuqinisekisa ukuba uthungelwano lwezombane lunakho ukwamkela umbane ovela kubaVelisi beZinga eliNcinci nabaVelisi boMbane abazimeleyo.</li> <li>• Ukumiliselwa kwesiCwangciso seMinyaka eyi-15 esiNonyamezelo lwaManzi seNtshona Koloni kuza kufak' isandla ekubeni nonyamezelo kwamanzi kwiPhondo.</li> <li>• Ukuphuhlisa kweLungiselelo lamaSeko eziXhobo eliZinzileyo neNkxaso-mali (i-SIDAFF) kuyilwa indlela anokuthi amaziko axhasa ngemali abe nokutyala izimali kumaseko ezixhobo oomasipala okuvumelana neeNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo kwakunye neeNqobo zezeNtlalo, zezoQoqosho nezolawulo.</li> <li>• Ukuxhasa amasebe ephondo, oomasipala namaShishini kaRhulumente ukuwanceda alungele yaye aphenyule kwiintlekele.</li> </ul>
Ukuguqulwa Ngokwedijithali	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuxhasa iSebe leNkulumbuso ngokumiliselwa iSigaba 2 sesiCwangciso sobuChule sokuGuqulwa ngokweDijithali ngokuqeqeshwa kooManejala bamaZiko eThusong kunye nee-CDW ukuze babe zii-Digital Ambassador kwakunye nokubonelela ngoQeqesho kwiiRobhothikhi nokuBhala uLwimi lweKhompuyutha okunxibelelene namaZiko eeNkonzo eThusong.</li> <li>• Ngenkxaso enikwa oomasipala kwi-ICT, iSebe liyila imeko eyenza kube lula ngokuqinisekisa ukuba oomasipala bamiliselwa ngokufanelekileyo ulawulo lwe-ICT. Oku kuqinisekisa ukuba oomasipala bayakwazi ukuhambisa iinkonzo ezisisiseko ngokuba neenkqubo ze-ICT ezisebenzayo nezifanelekileyo ezikwaziyo ukuxhasa iinkqubo zokusebenza koomasipala.</li> <li>• Ukuxhasa oomasipala nge-GIS njengesixhobo senkxaso ekwenziweni kwezigqibo kulawulo lweentlekele.</li> </ul>

INXA-  
LENYE  
C

**Ukulinganiswa  
komsebenzi  
wethu**



## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

### Ukwakheka Kwenkqubo

#### Ukwakheka Kwenkqubo Yoorhulumente Basemakhaya

<b>ULawulo</b>	1.1	I-Ofisi yoMphathiswa
	1.2	Iinkonzo zoLawulo
<b>ULawulo lweeNdawo</b>	2.1.	ULawulo looMasipala
	2.2.	Uthatho-nxaxheba loluNtu
	2.3.	UkuXhutyiswa Kwabasebenzi
	2.4.	Ukubek' Esweni Ukusebenza Koomasipala, Ukunika Ingxelo Novavanyo
	2.5.	Ukuhlanganiswa Kohanjiso Lweenkonzo
	2.6.	Inkqubo Yabasebenzi Bophuhliso Loluntu
<b>UkuPhuhlisa nokuCwangcisa</b>	3.1.	Amaseko Ezixhobo Zoomasipala
	3.2.	Ulawulo Lweentlekele
	3.3.	Ucwangciso Lophuhliso Oluhlanganisiweyo
<b>Ulawulo Lwamaziko Esintu<sup>5</sup></b>	4.1	Ulawulo Lwamaziko Esintu

### Iinkcazo zefuthe leSebe neziphumo

#### Iinkcazo zefuthe leSebe

Eli Sebe lichonge iinkcazo ezine zefuthe leSebe

<b>Inkcazo yoku-1 yefuthe:</b>	Isebe elisebenza ngokuzimisela.
<b>Inkcazo yesi-2 yefuthe:</b>	Urhulumente wamakhaya osebenza ngokufanelekileyo, ophendulayo nowenza kube lula ukuze kunatyiwe ukuhluma kwezoqoqosho nohanjiso lweenkonzo.
<b>Inkcazo yesi-3 yefuthe:</b>	Abemi abazimiseleyo, ukuncitshiswa kwentlupheko nokuphuculwa kwempilo-ntle kwezentlalo.
<b>Inkcazo yesi-4 yefuthe:</b>	IPhondo elinonyamezelo kwiiNtlekele.

<sup>5</sup> ISebe liye lavuselela iNkqubo 4, ebizwa ngokuthi Ulawulo Lwamaziko Esintu. Amagunya nemisebenzi enxulumene neMicimbi yezeMveli, namaKhoi-San kweli Phondo yabelwe uMphathiswa wePhondo ophethe oorhulumente baseMakhaya. Ngenxa yoku, iSebe kuza kufuneka liyile amandla eziko okukwazi ukumilisela le mfanelo.

- Ubume beNkqubo yoHlahlo Lwabiwo-mali yeSebe bunamathela kuBume beSizwe boLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yeMveli ngaphandle kwezi ndawo zilandelayo: Inkqubo engaphantsi yeziMali zooMasipala (Phantsi kwenkqubo 2: ULawulo lweeNdawo) ifakwe kwiSebe loLondolozo-zimali lePhondo yaye iNkqubo yoHlanganiso loHanjiso lweenkonzo nabaSebenzi boPhuhliso loluNtu yongezelelwe kubume besizwe: Inkqubo engaphantsi Ukuphuhliswa Ngokwezoqoqosho Ekuhlaleni (phantsi kweNkqubo 3: UkuPhuhlisa nokuCwangcisa) ihoywa liSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho yaye iNkqubo engaphantsi yoCwangciso lweeNdawo (phantsi kweNkqubo: UkuPhuhlisa nokuCwangcisa) ihoywa liSebe leMicimbi yeziQoqosho noCwangciso loPhuhliso.

## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

### Iziphumo zeSebe

Ezi zilandelayo zisiphumo ezisibhozo zesebe:

<b>Isiphumo 1:</b>	Isebe elilawulwa kakuhle elenza kube lula ngeenkqubo ukufezekisa izinto ngokwezigunyaziso zazo.
<b>Isiphumo 2:</b>	Oomasipala abalawulwa kakuhle ngokongamela okusulungekileyo nokufanelekileyo, ukuxhobisa ngamandla okusebenza nezakhiwo zolawulo.
<b>Isiphumo 3:</b>	Iziko loLawulo lweDatha noLwazi elinefuthe ekwenziweni kwezigqibo, ucwangciso nolwabiwo lohlahlo-mali koorhulumente basemakhaya.
<b>Isiphumo 4:</b>	Ukubonelela nokulungiswa kwamaseko ezixhobo ukuze kubekho uhluo lwezoqoqosho olukhokelwa bubukho bamaseko ezixhobo zosetyenziso.
<b>Isiphumo 5:</b>	Intsebenziswano ephuculiweyo phakathi koorhulumente nabemi.
<b>Isiphumo 6:</b>	Ukuncitshiswa kwentlupheko.
<b>Isiphumo 7:</b>	Ukuphuculwa kocwangciso oluhlanganisiweyo, uhlahlo lwabiwo-mali nomiliselo.
<b>Isiphumo 8:</b>	Imimandla Yoluntu Ekhuseleke Ngakumbi, Enonyamezelo noPhuhliso Oluzinzileyo.

# Ukulinganiswa komsebenzi wethu

## 9. Ulwazi Ngokusebenza Kweziko

### 9.1 INkqubo 1: ULawulo

**Injongo:** Ukubonelela ngolawulo olupheleleyo kwiSebe ngokuvumelana nayo yonke imithetho nemigaqo-nkqubo esebenzayo

#### 9.1.1 Inkqubo engaphantsi: linkonzo Zolawulo

Iziphumo, Okuvelisiweyo, Izalathisi Zokusebenza kunye Neethagethi

Isiphumo	Okuvelisiweyo	Izalathisi Zokuvelisiweyo	Iithagethi Zonyaka						
			Ukusebenza Okuphicothiweyo/ Okwenziweyo			Ukusebenza Okuqikelelwayo	Ixesha le-MTEF		
			2020/21	2021/22	Okwangoku 2022/23	Unyaka 1: 2023/24	Unyaka 2: 2024/25	Unyaka 3: 2025/26	
Isebe elilawulwa kakuhle elenza kube lula ngeenkqubo ukufezekisa izinto ngokwezi-gunyaziso zazo	1. Ukuthobela ngenkqubo-sikhokelo engokomthetho yocwangciso olufanelekileyo/ ukwenza uhlahlo lwabiwo-mali nokunika ingxelo	1.1 Inqanaba lokuthobela ngenkqubo-sikhokelo engokomthetho yocwangciso nokunika ingxelo	-	100%	100%	100%	100%	100%	100%
		1.2 Inqanaba lokuthobela ngenkqubo-sikhokelo engokomthetho yezimali	-	100%	100%	100%	100%	100%	100%

Izalathisi, Iithagethi Zonyaka Nezekota zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		Iithagethi Zonyaka	Ikota 1	Ikota 2	Ikota 3	Ikota 4
1.1	Inqanaba lokuthobela ngenkqubo-sikhokelo engokomthetho yocwangciso nokunika ingxelo	100%	100%	100%	100%	100%
1.2	Inqanaba lokuthobela ngenkqubo-sikhokelo engokomthetho yezimali	100%	100%	100%	100%	100%

# Ukulinganiswa komsebenzi wethu

## INkqubo 1

### Ukuchazwa kokusebenza okucwangcisiweyo kwithuba lexesha eliphakathi

**Isiphumo 1: Isebe elilawulwa kakuhle elenza kube lula ngeenkqubo ukufezekisa izinto ngokwezigunyaziso zazo,** kusekelwe kuMthetho woLawulo Lwemali Yoluntu yimfuneko yokuba iSebe liqinisekise ukuba imali yabahlawuli behawu isetyenziselwa ukufezekisa iinjongo zikarhulumente. Ukuqinisekisa ukuba oku kwenziwa ngokufanelekileyo nangokusulungekileyo, icandelo loLondolozo-mali leSizwe kunye neSebe loCwangciso, ukuBek' esweni noVavanyo aqulunqe iinkqubo-sikhokelo zocwangciso, zohlahlo lwabiwo-mali, nokunika iingxelo. Ezi nkqubo-sikhokelo zifuna ukunika amasebe imikhombandlela yokuqinisekisa ulawulo olufanelekileyo. Undoqo ekuphenduleni kwiimfuno zabemi beli Phondo lisebe elikwaziyo ukunika ingxelo nolinobuchule. Into ekungondo ekuchongeni ukuba iziko liyakwazi ukunika ingxelo yaye linobuchule lulawulo olufanelekileyo, nto leyo eMzantsi Afrika elinganiswa ngokujonga ukuthotyelwa kwemiyalelo eliqela elawula ucwangciso, ukunika ingxelo ngemibandela efana nohlahlo lwabiwo-mali nezabasebenzi. Ngaphaya koko ilinganiswa ngokufumana iingxelo zophicotho-zincwadi ezingenamibandela.

#### Ukuza kuthi ga ngoku, izinto ezifezekisiweyo eziqukiweyo;

- ISebe lifumene ingxelo yalo yethoba yophicotho-zincwadi engenamindela kwezilandeledanayo ekhutshwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika.
- ISebe liye, ngokomyinge ubuncinane, lafezekisa i-97% yeethagethi zalo ezicwangcisiweyo yaye lisebenzise ngaphezu kwe-98% yesabelo salo kuhlahlo lwabiwo-mali.

Ngokuhamba kwe-MTEF, iSebe, liza kuqhubeka nokuhlola yaye liphucule izixokelelwano zabo, ukuze kuqinisekise ukuba oomasipala banikwa eyona nkxaso ingcono kakhulu ekuphakamiseni oorhulumente basemakhaya abasaphuhlayo abajolise kwiimfuno ezisisiseko zoluntu.

### Uqwalaselo Lwemithombo Yoncedo:

#### Uhlalutyo lwembonakalo yenkcitho

Isabelo semali esinikwe iNkqubo kunyaka-mali ka-2023/24 sihle ngepesenti eyi-1.87 ukusuka kwiingqikelelo ezihlaziyiweyo zonyaka-mali ka-2022/23. Oku kuhla kunyaka-mali ka-2023/24 ngokuyintloko kungenxa yeemali ezongezelelekileyo ezabelweyo kunyaka-mali ka-2022/23 ukuze kuhlaziwe inkqubo ye-IT yeNkqubo yabaSebenzi boPhuhliso loluNtu. Ngaphaya koku, uhlahlo lwabiwo-mali lunesibonelelo seemfuneko zokusebenza, ukuvalwa kwezithuba ezingenabantu kwakunye ne-CoE yemivuzo yezigaba 1-16.

Iimpahla neenkonzozo zincitshishwe ngepesenti eyi-7.20 yaye oku kuthiwa kungenxa yokungqinelaniswa kwesabelo seNdllela yokuSebenza ngokuBambisana kweziThili noMasipala oMbaxa esisuswe kwiNkqubo 1 sasiwa kwiNkqubo 2 ngenjongo efanayo kwakunye nokucutha iindleko zeenkonzozo zezithuthi.

Ukuhla ngepesenti eyi-25.83 kwiNtlawulo zezinto zexabiso zesebe kunxulumene neemali ezongezelelekileyo ezabelweyo kunyaka-mali ka-2022/23 ukuze kuhlawulelwe izixhobo ze-IT ekwakuvunyelwene ngazo kunyaka-mali ka-2021/22 kodwa azakwazi ukubhataleka ngaphambi kokuphela konyaka.

# Ukulinganiswa komsebenzi wethu

## INKqubo 1: ULawulo

Inkqubo engaphantsi R'000	Isiphumo			Isabelo esiyintloko	Uhlengahlengiso lwe-sabelo	Uqikelelo oluhlaziyiweyo	Ingqikelelo yexesha eliphakathi			
	Ephicothiweyo	Ephicothiweyo	Ephicothiweyo				2023/24	I-% yotshintsho kuqikelelo oluhlaziyiweyo	2024/25	2025/26
2. Iinkonzo Zolawulo	47 027	51 754	50 589	54 008	54 826	54 481	53 463	(1.87)	55 649	57 026
<b>lintlawulo neengqikelelo zizonke</b>	<b>47 027</b>	<b>51 754</b>	<b>50 589</b>	<b>54 008</b>	<b>54 826</b>	<b>54 481</b>	<b>53 463</b>	<b>(1.87)</b>	<b>55 649</b>	<b>57 026</b>

## Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo ngokohlelo lwezoqoqosho - INKqubo 1: ULawulo

Ingcaciso ngokwezoqoqosho R'000	Isiphumo			Isabelo esiyintloko	Uhlengahlengiso lwe-sabelo	Uqikelelo oluhlaziyiweyo	Ingqikelelo yexesha eliphakathi			
	Ephicothiweyo	Ephicothiweyo	Ephicothiweyo				2023/24	I-% yotshintsho kuqikelelo oluhlaziyiweyo	2024/25	2025/26
<b>lintlawulo zangoku</b>	43 156	47 075	44 935	48 648	48 782	48 437	49 000	1.16	50 758	51 897
Iimbuyekezo yabasebenzi	30 784	33 352	34 760	37 447	36 297	36 100	37 551	4.02	38 868	39 501
Iimpahla neenkonziso	12 372	13 723	10 175	11 201	12 485	12 337	11 449	(7.20)	11 890	12 396
<b>lintlawulo neenkxaso-mali</b>	59	37	57	6	52	52	6	(88.46)	6	6
Ii-arhente nee-akhawunti zesebe	3	3	6	6	6	6	6		6	6
Amakhaya	56	34	51		46	46		(100.00)		
<b>lintlawulo zempahla yexabiso esisiseko</b>	3 782	4 640	5 594	5 305	5 943	5 943	4 408	(25.83)	4 786	5 020
Oomatshini nezixhobo zokusebenza	3 782	4 640	5 594	5 305	5 943	5 943	4 408	(25.83)	4 786	5 020
<b>lintlawulo zempahla yexabiso lemali</b>		2	3	49	49	49	49		99	103
<b>lintlawulo neengqikelelo zizonke</b>	<b>47 027</b>	<b>51 754</b>	<b>50 589</b>	<b>54 008</b>	<b>54 826</b>	<b>54 481</b>	<b>53 463</b>	<b>(1.87)</b>	<b>55 649</b>	<b>57 026</b>

# Ukulinganiswa komsebenzi wethu

## 9.2 INkqubo 2: Ulawulo lwaseKhaya

**Injongo:** Ukukhuthaza ulawulo loorhulumente basemakhaya olufanelekileyo noluzinzileyo noluphuhlisekayo, ukukhuthaza ucwangciso oluhlanganisiweyo noluzinzileyo, kunye nothatho-nxaxheba loluntu kwiinkqubo zophuhliso.

### 9.2.1(a) Inkqubo engaphantsi: Ulawulo Loomasipala: Ukuphathwa Koomasipala

**Injongo:** Ukubonelela ngolawulo neenkonziso zenkxaso koorhulumente basemakhaya ngokwenkqubo-sikhokelo yolawulo.

#### Iziphumo, Okuvelisiweyo, Izalathisi Zokusebenza kunye Neethagethi

Isiphumo	Okuvelisiweyo	Izalathisi Zokuvelisiweyo	Iithagethi Zonyaka						
			Ukusebenza Okuphicothiweyo/ Okwenziweyo			Ukusebenza Okuqikelelwayo	Ixesha le-MTEF		
				2020/21	2021/22	Okwangoku 2022/23	Unyaka 1: 2023/24	Unyaka 2: 2024/25	Unyaka 3: 2025/26
Oomasipala abaphethwe kakuhle ngokongamela okusulungekileyo nokuphumelayo, ukuxhotyiswa ngezakhono nezakhiwo zolawulo	2.1 Oomasipala bathobela imithetho esebenzayo nemiyalelo yokuphatha	2.1.1(a) Inani lamaphulo ophuhliso lomthetho amiliselweyo <sup>6</sup>	6	4	4	4	4	4	4
		2.1.2(a) Inani leenkqubo zokuhlola ezenziweyo ekuQeshweni kwabaPhathi abaPhezulu ngokuvumelana nemiyalelo engokomthetho	19	14	21	30	15	15	15
		2.1.3(a) Inani leeNkqubo zokuHlola kwiiKomiti zee-Akhawunti zoluNtu kooMasipala (ii-MPAC) okuqhutyiweyo	11	10	10	10	10	10	10
		2.1.4(a) Amatyala okuziPhatha ahloliweyo ukuqinisekisa ukuthotyelwa komthetho	6	0	1	6	10	6	6
		2.1.5(a) Inanai lamaphulo eNkxaso yezoMthetho ekubonelelwe ngawo kooMasipala ukuqinisa ukuPhathwa kooMasipala	5	9	5	8	8	8	8

<sup>6</sup> Inqaku lisebenza kwiZalathisi 2.1.1, 2.1.2, no-2.1.4: (Okuvelisiweyo ekugqibeleni kusenokwahluka kwithagethi ecwangcisiweyo njengoko ezi zalathisi zixhomekeka ekubeni yintoni ekufuneka yenziwe)

## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

### Izalathisi, lithagethi Zonyaka Nezekota zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		Iithagethi Zonyaka	Ikota 1	Ikota 2	Ikota 3	Ikota 4
2.1.1(a)	Inani lamaphulo ophuhliso lomthetho amiliselweyo	4	-	-	-	4
2.1.2(a)	Inani leenkqubo zokuhlola ezenziweyo ekuQeshweni kwabaPhathi abaPhezulu ngokuvumelana nemiyalelo engokomthetho	15	-	-	-	15
2.1.3(a)	Inani leeNkqubo zokuHlola kwiiKomiti zee-Akhawunti zoluNtu kooMasipala (ii-MPAC) okuqhutyiweyo	10	-	-	-	10
2.1.4(a)	Amatyala okuziPhatha ahloliweyo ukuqinisekisa ukuthotyelwa komthetho	10	-	-	-	10
2.1.5(a)	Inanani lamaphulo eNkxaso yezoMthetho ekubonelelwe ngawo kooMasipala ukuqinisa ukuPhathwa kooMasipala	8	-	-	-	8

### Izalathisi Zemiyalelo Yecandelo lithagethi Zonyaka zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		Iithagethi Zonyaka						
		Ukusebenza Okuphicothiweyo/ Okwenziweyo			Ukusebenza Okuqikelelwayo	Ixesha le-MTEF		
			2020/21	2021/22	Okwangoku 2022/23	Unyaka 1: 2023/24	Unyaka 2: 2024/25	Unyaka 3: 2025/26
<b>SPI:1</b>	Inani loomasipala abaxhasiweyo ukuze bakwazi ukuthobela iMimiselo ye-MSA malunga nokuqeshwa kwabaphathi abaphezulu (Sinxibelelene ne-MTSF 2019 - 2024, iNdawo Ephambili 1)	30	29	30	30	30	30	30
<b>SPI:2</b>	Inani loomasipala ababekw' esweni lokuba imilinganiselo yokulwa norhwaphilizo imiliselwe ngezinga elingakanani (Sinxibelelene ne-MTSF 2019 - 2024, iNdawo Ephambili 1)	30	30	30	30	30	30	30

### Izalathisi Zecandelo, lithagethi Zonyaka Nezekota zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		Iithagethi Zonyaka	Ikota 1	Ikota 2	Ikota 3	Ikota 4
<b>SPI:1</b>	Inani loomasipala abaxhasiweyo ukuze bakwazi ukuthobela iMimiselo ye-MSA malunga nokuqeshwa kwabaphathi abaphezulu (Sinxibelelene ne-MTSF 2019 - 2024, iNdawo Ephambili 1)	30	-	-	-	30
<b>SPI:2</b>	Inani loomasipala ababekw' esweni lokuba imilinganiselo yokulwa norhwaphilizo imiliselwe ngezinga elingakanani (Sinxibelelene ne-MTSF 2019 - 2024, iNdawo Ephambili 1)	30	-	-	-	30

## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

### 9.2.1(b) Inkqubo engaphantsi: Ulawulo Loomasipala: Inkxaso Eyodwa

**Injongo:** Ukubonelela ngolawulo neenkondo zenkxaso koorhulumente basemakhayo ngokwenkqubo-sikhokelo yolawulo.

#### Iziphumo, Okuvelisiweyo, Izalathisi Zokusebenza kunye Neethagethi

Isiphumo	Okuvelisiweyo	Izalathisi Zokuvelisiweyo	Iithagethi Zonyaka						
			Ukusebenza Okuphicothiweyo/ Okwenziweyo			Ukusebenza Okuqikelelwayo	Ixesha le-MTEF		
			2020/21	2021/22	Okwangoku 2022/23		Unyaka 1: 2023/24	Unyaka 2: 2024/25	Unyaka 3: 2025/26
Oomasipala abaphe-thwe kakuhle ngokongamela okusulungekileyo nokuphumelelayo, ukuxhotyiswa ngezakhono nezakhiwo zolawulo	2.1.1(b) ) Ukuhlola nophando malunga nezityholo zolawulo olugwenxa, ubuqhophololo, urhwaphilizo okanye naziphi ezinye iindlela ezitenxileyo ezi-nobuzaza yaye iindlela zongenelelo olusesikweni lwephondo ziyathetheleleka okanye ziyafuneka ngokutsho kweCandelo 139 loMgaqo-siseko	2.1.1(b) Iingxelo ezikhutshwa ngekota zokuhlola nophando malunga nezityholo zolawulo olugwenxa, ubuqhophololo, urhwaphilizo olanye naziphi ezinye iindlela ezitenxileyo ezinobuzaza	4	4	4	4	4	4	4
		2.1.2(b) Ingxelo yonyaka yongenelelo olusesikweni lwephondo oluthethelekayo okanye olufunekayo ngokutsho kweCandelo 139 loMgaqo-siseko	1	1	1	1	1	1	1

#### Izalathisi, Iithagethi Zonyaka Nezekota zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		Iithagethi Zonyaka	Ikota 1	Ikota 2	Ikota 3	Ikota 4
2.1.1(b)	Iingxelo ezikhutshwa ngekota zokuhlola nophando malunga nezityholo zolawulo olugwenxa, ubuqhophololo, urhwaphilizo olanye naziphi ezinye iindlela ezitenxileyo ezinobuzaza	4	1	1	1	1
2.1.2(b)	Iingxelo yonyaka yongenelelo olusesikweni lwephondo oluthethelekayo okanye olufunekayo ngokutsho kweCandelo 139 loMgaqo-siseko	1	-	-	-	1



## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

### 9.2.2 Inkqubo engaphantsi: Uthatho-nxaxheba Loluntu

**Injongo:** Ukuqinisa intsebenziswano phakathi korhulumente nabemi ngothatho-nxaxheba loluntu ukuze kunjiswe iinkonzo ngokupheleleyo.

#### Iziphumo, Okuvelisiweyo, Izalathisi Zokusebenza kunye Neethagethi

Isiphumo	Okuvelisiweyo	Izalathisi Zokuvelisiweyo	Iithagethi Zonyaka						
			Ukusebenza Okuphicothiweyo/ Okwenziweyo			Ukusebenza Okuqikelelwayo	Ixesha le-MTEF		
			2020/21	2021/22	Okwangoku 2022/23		Unyaka 1: 2023/24	Unyaka 2: 2024/25	Unyaka 3: 2025/26
Ukuphuculwa kwentsebenziswano phakathi korhulumente nabemi	2.2(a) Iintshukumo Ezi-miliselweyo, ezibekw' esweni nezixhasiweyo ukuze kuphu-culwe intsebenziswano nabemi	2.2.1(a) Inani leentshukumo zenkxaso ukuphucula intsebenziswano nabemi	5	5	5	6	6	5	5
		2.2.2(a) Inani loomasipala abaxhasiweyo ngeenkqubo zokuqhagamshelana	28	30	18	30	24	24	24
Oomasipala abaphe-thwe kakuhle ngokongamela okusulungekileyo nokuphumelelayo, ukuxhotyiswa ngezakhono nezakhiwo zolawulo	2.2(b) Iintshukumo ezi-miliselweyo nezixhasiweyo ukuphucula iNtsingiselo yobuNi namaLungelo oluNtu koomasipala	2.2.1(b) Inani leentshukumo zenkxaso ukuphucula iNtsingiselo yobuNi namaLungelo oluNtu koomasipala	3	3	3	3	4	4	4

#### Izalathisi, Iithagethi Zonyaka Nezekota zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		Iithagethi Zonyaka	Ikota 1	Ikota 2	Ikota 3	Ikota 4
2.2.1(a)	Inani leentshukumo zenkxaso ukuphucula intsebenziswano nabemi	6	1	2	-	3
2.2.2(a)	Inani loomasipala abaxhasiweyo ngeenkqubo zokuqhagamshelana	24	-	5	10	9
2.2.1(b)	Inani leentshukumo zenkxaso ukuphucula iNtsingiselo yobuNi namaLungelo oluNtu koomasipala	4	-	2	-	2

## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

### Izalathisi Zemiyalelo Yecandelo lithagethi Zonyaka zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		lithagethi Zonyaka						
		Ukusebenza Okuphicothiweyo/ Okwenziweyo			Ukusebenza Okuqikelelwayo	Ixesha le-MTEF		
		2020/21	2021/22	Okwangoku 2022/23	Unyaka 1: 2023/24	Unyaka 2: 2024/25	Unyaka 3: 2025/26	
<b>SPI:3</b>	Inani loomasipala abaxhasiweyo ukulondoloza iikomiti zeewadi ezisebenzayo (Sinxulumene ne-MTSF 2019 - 2024, iNtsia 1) <sup>7</sup>	24	24	24	24	24	24	24
<b>SPI:4</b>	Inani loomasipala abaxhasiweyo ukukhuthaza ukuthatha inxaxheba eluntwini ngokusekelwe kwiinkqubo zoorhulumente basemakhaya (iNdawo Ephambili 1: Umbuso Onobuchule, Osesikweni noPhuhlisekayo) (iNdawo Ephambili 6 kwisalathisi se-MTEF: Imvisiswano Kwezentlalo Nemimandla Yoluntu Ekhuseleke Kakhulu)	-	-	2	2	3	3	3
<b>SPI:5</b>	Inani loomasipala abaxhasiweyo ukusombulula izinto ezixhalabisa uluntu	1	5	1	1	1	1	1
<b>SPI:6</b>	Inani lamathuba emisebenzi exeliweyo ngeNkqubo yemiSebenzi yoLuntu (i-CWP) (i-MTSF 2019-2024, iNdawo Ephambili 2)	-	-	16 144	17 700	17 700	17 700	17 700

### Izalathisi Zecandelo, lithagethi Zonyaka Nezekota zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		lithagethi Zonyaka	Ikota 1	Ikota 2	Ikota 3	Ikota 4
<b>SPI:3</b>	Inani loomasipala abaxhasiweyo ukulondoloza iikomiti zeewadi ezisebenzayo (Sinxulumene ne-MTSF 2019 - 2024, iNtsia 1)	24	5	10	5	4
<b>SPI:4</b>	Inani loomasipala abaxhasiweyo ukukhuthaza ukuthatha inxaxheba eluntwini ngokusekelwe kwiinkqubo zoorhulumente basemakhaya (iNdawo Ephambili 1: Umbuso Onobuchule, Osesikweni noPhuhlisekayo) (iNdawo Ephambili 6 kwisalathisi se-MTEF: Imvisiswano Kwezentlalo Nemimandla Yoluntu Ekhuseleke Kakhulu)	3	-	-	-	3
<b>SPI:5</b>	Inani loomasipala abaxhasiweyo ukusombulula izinto ezixhalabisa uluntu	1	-	-	-	1
<b>SPI:6</b>	Inani lamathuba emisebenzi exeliweyo ngeNkqubo yemiSebenzi yoLuntu (i-CWP) (i-MTSF 2019-2024, iNdawo Ephambili 2)	17 700	17 700	17 700	17 700	17 700

<sup>7</sup> *Esi salathisi siza kungqinelwa ngeeprojekthi eziphantsi kwisalathisi sephondo (Inani leentshukumo zenkxaso ukuphucula intsebenziswano nabemi)*

## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

### 9.2.3 Inkqubo engaphantsi: UkuXhotyiswa Kwabasebenzi

**Injongo:** Ukuxhobisa oomasipala bakwazi ukuhambisa iinkonzo ngokufanelekileyo.

#### Iziphumo, Okuvelisiweyo, Izalathisi Zokusebenza kunye Neethagethi

Isiphumo	Okuvelisiweyo	Izalathisi Zokuvelisiweyo	Iithagethi Zonyaka						
			Ukusebenza Okuphicothiweyo/ Okwenziweyo			Ukusebenza Okuqikelelwayo	Ixesha le-MTEF		
			2020/21	2021/22	Okwangoku 2022/23		Unyaka 1: 2023/24	Unyaka 2: 2024/25	Unyaka 3: 2025/26
Oomasipala abaphethwe kakuhle ngokongamela okusulungekileyo nokuphumelelayo, ukuxhotyiswa ngezakhono nezakhiwo zolawulo	2.3 Kumiliselwe izicwangciso zobuchule zokuxhobisa ngezakhono oomasipala ukuze kuphuculwe uhanjiso lweenkonzo	2.3.1 Inani leenkqubo ezimiliselweyo zokwandisa amandla okusebenza koomasipala	1	3	3	3	3	3	3
		2.3.2 Ukubek esweni ukuthotyelwa koMthetho woPhuhliso lweZakhono	-	1	1	1	1	1	1
		2.3.3 Inani leenkqubo zoqeqesho nezophuhliso ezimiliselweyo koomasipala	3	3	3	3	2	2	2

#### Izalathisi, lithagethi Zonyaka Nezekota zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		Iithagethi Zonyaka	Ikota 1	Ikota 2	Ikota 3	Ikota 4
2.3.1	Inani leenkqubo ezimiliselweyo zokwandisa amandla okusebenza koomasipala	3	-	-	-	3
2.3.2	Ukubek esweni ukuthotyelwa koMthetho woPhuhliso lweZakhono	1	-	-	-	1
2.3.3	Inani leenkqubo zoqeqesho nezophuhliso ezimiliselweyo koomasipala	2	-	-	-	2

## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

### Izalathisi Zemiyaletlo Yecandelo lithagethi Zonyaka zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		Iithagethi Zonyaka						
		Ukusebenza Okuphicothiweyo/ Okwenziweyo			Ukusebenza Okuqikelelwayo	Ixesha le-MTEF		
		2020/21	2021/22	Okwangoku 2022/23	Unyaka 1: 2023/24	Unyaka 2: 2024/25	Unyaka 3: 2025/26	
<b>SPI:7</b>	Inani leendlela zongenelelo zokuxhobisa ngezakhono eziqhutywe koomasipala (Sinxibelelene ne-MTSF 2019 – 2024, iNdawo ePhambili 1) (i-B2B Pillar 5) <sup>8</sup>	1	3	3	3	3	3	3
<b>SPI:8</b>	Inani loomasipala abanikwe imikhombandlela yokuthobela i-MPRA (Sinxibelelene ne-MTSF 2019 – 2024, iNdawo ePhambili 1) (i-B2B Pillar 4)	25	25	25	25	25	25	25
<b>SPI:9</b>	Inani loomasipala abanikwe imikhombandlela yokuthobela i-MPRA (Sinxibelelene ne-MTSF 2019 – 2024, iNdawo ePhambili 1) (i-B2B Pillar 4)	4	4	4	4	4	4	4
<b>SPI:10</b>	Inani loomasipala ababekw' esweni malunga nokumiliselwa kwemigaqo-nkqubo yabahluphekileyo (isiphumo esingaphantsi 1) (i-B2B Pillar 2)	6	6	4	4	4	4	4

### Izalathisi Zecandelo, Iithagethi Zonyaka Nezekota zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		Iithagethi Zonyaka	Ikota 1	Ikota 2	Ikota 3	Ikota 4
<b>SPI:7</b>	Inani leendlela zongenelelo zokuxhobisa ngezakhono eziqhutywe koomasipala (Sinxibelelene ne-MTSF 2019 – 2024, iNdawo ePhambili 1) (i-B2B Pillar 5)	3	-	-	-	3
<b>SPI:8</b>	Inani loomasipala abanikwe imikhombandlela yokuthobela i-MPRA (Sinxibelelene ne-MTSF 2019 – 2024, iNdawo ePhambili 1) (i-B2B Pillar 4)	25	25	25	25	25
<b>SPI:9</b>	Number of municipalities supported to institutionalize the performance management system (PMS) (Linked to MTSF 2019 – 2024, Priority 1)	4	-	-	2	2
<b>SPI:10</b>	Inani loomasipala ababekw' esweni malunga nokumiliselwa kwemigaqo-nkqubo yabahluphekileyo (isiphumo esingaphantsi 1) (i-B2B Pillar 2)	4	-	-	2	2

<sup>8</sup> Esi salathisi sinxibelelene ngokungqalileyo neSalathisi sePhondo (Inani leenkqubo ezimiliselweyo zokwandisa amandla okukwazi ukusebenz oomasipala)

## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

### 9.2.5 Inkqubo engaphantsi: Ukubekw' Esweni Kokusebenza Koomasipala, Ukunika Ingxelo Novavanyo

**Injongo:** Ukubekw' esweni nokuvavanya ixabiso lokusebenza koomasipala.

#### Iziphumo, Okuvelisiweyo, Izalathisi Zokusebenza kunye Neethagethi

Isiphumo	Okuvelisiweyo	Izalathisi Zokuvelisiweyo	Iithagethi Zonyaka						
			Ukusebenza Okuphicothiweyo/ Okwenziweyo			Ukusebenza Okuqikele-lwayo	Ixesha le-MTEF		
				2020/21	2021/22	Okwangoku 2022/23	Unyaka 1: 2023/24	Unyaka 2: 2024/25	Unyaka 3: 2025/26
Iziko loku-Phathwa kweDatha noLwazi olunefuthe kwizigqibo ezenziwayo, ucwangciso nezabelo zohlahlo-mali koorhulumente base-makhaya	2.4 Indawo yokuGcina iDatha kwiSebenakooMasipala	2.4.1 Ukusekwa kwendawo enye yokuphathwa nokusasazwa kolwazi oluhlobene noomasipala	-	2	Ukuphuhliswa kwendawo enye yokugcina idatha	Ukuphuhliswa kwendawo enye yokugcina idatha	Ukumiliselwa kweNdawo enye yokuGcina iDatha		
		2.4.2 Inani leengxelo eziv-elisiweyo ezibonelela ngengqiqo yobume nokusebenza koomasipala	-	2	lingxelo zoBume ziyi-4	lingxelo zoBume ziyi-4	4	4	4
		2.4.3 Inani leenkqubo ezimiliselweyo zokwenza isithethe sokusebenzisa i-GIS koomasipala	-	2	Ziyi-2 iinkqubo ze-GIS ezimiliselweyo	1. Milisela iProjekthi ye-GIS kooMasipala 2. Xhasa oomasipala babe nesithethe sokusebenzisa i-GIS	2	2	2
		2.4.4 Inani leenkqubo zokumiliselwa isithethe sokutyenziswa kwe-ICT koomasipala	3	2	Ziyi-2 iinkqubo ze-ICT ezimiliselweyo	1. Milisela iphulo lokuxhaswa kwe-ICT kooMasipala 2. IQonga leeNgxoxo le-ICT kooMasipala	2	2	2

## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

### Izalathisi, lithagethi Zonyaka Nezekota zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		Iithagethi Zonyaka	Ikota 1	Ikota 2	Ikota 3	Ikota 4
2.4.1	Ukusekwa kwendawo enye yokuphathwa nokusasazwa kolwazi oluhlobene noomasipala	Ukumiliselwa kweNdawo enye yokuGcina iDatha	-	-	-	Ukumiliselwa kweNdawo enye yokuGcina iDatha
2.4.2	Inani leengxelo ezivelisiweyo ezibonelela ngengqiqo yobume nokusebenza koomasipala	4	1	1	1	1
2.4.3	Inani leenkqubo ezimiliselweyo zokwenza isithethe sokusebenzisa i-GIS koomasipala	2	-	-	1	1
2.4.4	Inani leenkqubo zokumiliselwa isithethe sokutyenziswa kwe-ICT koomasipala	2	-	1	-	1

### Izalathisi Zemiyalelo Yecandelo lithagethi Zonyaka zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		Iithagethi Zonyaka						
		Ukusebenza Okuphicothiweyo/ Okwenziweyo			Ukusebenza Okuqikelelwayo	Ixesha le-MTEF		
			2020/21	2021/22	Okwangoku 2022/23	Unyaka 1: 2023/24	Unyaka 2: 2024/25	Unyaka 3: 2025/26
<b>SPI:11</b>	Inani leeNgxelo zeCandelo 47 eziye zaqulunqwa ngokomyalelo we-MSA (Sinxibelelene ne-MTSF 2019 - 2024, iNdawo ePhambili 1) (i-B2B Pillar 5)	1	1	1	1	1	1	1

### Izalathisi Zecandelo, lithagethi Zonyaka Nezekota zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		Iithagethi Zonyaka	Ikota 1	Ikota 2	Ikota 3	Ikota 4
<b>SPI:11</b>	Inani leeNgxelo zeCandelo 47 eziye zaqulunqwa ngokomyalelo we-MSA (Sinxibelelene ne-MTSF 2019 - 2024, iNdawo ePhambili 1) (i-B2B Pillar 5)	1	-	-	1	-

## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

### 9.2.6 Inkqubo engaphantsi: Ukuhlanganiswa Kohanjiso Lweenkonzo

**Injongo:** Ukulawula inkqubo yeThusong nokuxhasa ulawulo lwentsebenziswano phakathi kwezigaba ezithathu zoburhulumente.

#### Iziphumo, Okuvelisiweyo, Izalathisi Zokusebenza kunye Neethagethi

Isiphumo	Okuvelisiweyo	Izalathisi Zokuvelisiweyo	Iithagethi Zonyaka						
			Ukusebenza Okuphicothiweyo/ Okwenziweyo			Ukusebenza Okuqikelelwayo	Ixesha le-MTEF		
			2020/21	2021/22	Okwangoku 2022/23	Unyaka 1: 2023/24	Unyaka 2: 2024/25	Unyaka 3: 2025/26	
Ukuncitshiswa kwentlupheko	2.5(a) Amathuba ayiliweyo ngeNkqubo yeThusong	2.5.1(a) Iiprojekthi ezibhexeshiweyo zezentlalo noqoqosho	-	2	4	4	4	4	4
	2.5(b) INkqubo yeThusong Esebenza Ngokufanellekileyo	2.5.1(b) Inani leenkonzo ekufikelelwe kuzo ngeNkqubo yeThusong	1303 141	337 682	1 386 856	1 300 000	1 300 000	1 300 000	1 300 000
		2.5.2(b) Iintshukumo zenkxaso zokuqinisekisa ukusebenza ngokufanelekileyo kweNkqubo yeThusong	4	2	4	4	4	4	4
Improved integrated planning, budgeting and implementation	2.5(c) Functional Inter Governmental Relations (IGR) platforms	2.5.1(c) Iintshukumo zenkxaso zokuphuculwa kwamaqonga eengxoxo zobuDLelwane Phakathi kooRhulumente beziThili (i-IGR)	2	3	4	3	3	3	3

## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

Isiphumo	Okuvelisiweyo	Izalathisi Zokuvelisiweyo	Iithagethi Zonyaka						
			Ukusebenza Okuphicothiweyo/ Okwenziweyo			Ukusebenza Okuqikelelwayo	Ixesha le-MTEF		
			2020/21	2021/22	Okwangoku 2022/23	Unyaka 1: 2023/24	Unyaka 2: 2024/25	Unyaka 3: 2025/26	
		2.5.2(c) lintshukumo zenkxaso ukuze kuphuculwe amaqonga eengxoxo kubuDlelwane noRhulumente wePhondo (i-IGR)	-	4	4	4	4	4	4

### Izalathisi, Iithagethi Zonyaka Nezekota zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		Iithagethi Zonyaka	Ikota 1	Ikota 2	Ikota 3	Ikota 4
2.5.1(a)	liprojekthi ezibhexeshiweyo zezentlalo noqoqosho	4	-	-	-	4
2.5.1(b)	Inani leenkonzelo ekufikelelwe kuzo ngeNkqubo yeThusong	1 300 000	-	-	650 000	650 000
2.5.2(b)	lintshukumo zenkxaso zokuqinisekisa ukusebenza ngokufanelekileyo kweNkqubo yeThusong	4	-	-	-	4
2.5.1(c)	lintshukumo zenkxaso zokuphuculwa kwamaqonga eengxoxo zobuDlelwane Phakathi kooRhulumente beziThili (i-IGR)	3	-	1	1	1
2.5.2(c)	lintshukumo zenkxaso ukuze kuphuculwe amaqonga eengxoxo kubuDlelwane noRhulumente wePhondo (i-IGR)	4	1	1	1	1



## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

### 9.2.7 Inkqubo engaphantsi: INkqubo Yabasebenzi Bophuhliso Loluntu

**Injongo:** Ukubonelela imimandla yoluntu ngolwazi lokufikelela iinkonzo zikarhulumente nokwenza kube lula ngoluntu ukufikelela kumathuba ezentlalo nezozoqosho.

#### Iziphumo, Okuvelisiweyo, Izalathisi Zokusebenza kunye Neethagethi

Isiphumo	Okuvelisiweyo	Izalathisi Zokuvelisiweyo	Iithagethi Zonyaka						
			Ukusebenza Okuphicothiweyo/ Okwenziweyo			Ukusebenza Okuqikelelwayo	Ixesha le-MTEF		
			2020/21	2021/22	Okwangoku 2022/23		Unyaka 1: 2023/24	Unyaka 2: 2024/25	Unyaka 3: 2025/26
Ukuncitshiswa kwentlupheko	2.6 Amathuba ayiliweyo ngeNkqubo yabaSebenzi boPhuhliso loluNtu	2.6.1 Amaphulo karhulumente okunabisa impilo-ntle kwezentlalo	15	5	5	5	5	5	5
		2.6.2 Amaphulo okuxhasa uqoqosho olungacwangciswa ngokusesikweni	5	4	4	4	4	4	4

#### Izalathisi, Iithagethi Zonyaka Nezekota zika-2023/24

Izalathisi Zokuvelisiweyo		Iithagethi Zonyaka	Ikota 1	Ikota 2	Ikota 3	Ikota 4
2.6.1	Amaphulo karhulumente okunabisa impilo-ntle kwezentlalo	5	-	-	-	5
2.6.2	Amaphulo okuxhasa uqoqosho olungacwangciswa ngokusesikweni	4	-	-	-	4

### Ukuchazwa kokusebenza okucwangcisiweyo kwisithuba sexesha eliphakathi

#### Isiphumo 2: Oomasipala abaphethwe kakuhle ngokongamela okusulungekileyo nokuphumelelayo, ukuxhotyiswa ngezakhono nezakhiwo zolawulo

Isigunyaziso soorhulumente basemakhaya njengoko sichaziwe kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996, kukukhuthaza oorhulumente basemakhaya abaphuhlisekayo abamele bajolise kwiimfuno ezisisiseko zemimandla yoluntu abasebenzela yona.<sup>9</sup> Ekubeni oorhulumente basemakhaya isesona sigaba sisondeleyo eluntwini yaye ke ngoko kujongwa kubo xa kuthethwa ngohanjiso lweenkonzo, bazabalazela ukusifizekisa esi sigunyaziso, ngokuququzelela, ngokwenza izigqibo nangokwenza imisebenzi yabo ngokuvumelana neenkqubo-sikhokelo zemithetho echaziweyo.

Imbali isibonisile ukuba isininzi semingeni emikhulu yolawulo nohanjiso lweenkonzo abajongene nayo oomasipala ayibangelwa kangako yintsilelo kwezobuchwepheshe, kodwa kwiintsilelo ekunokuthiwa zinento yokwenza nolawulo. Ukongeza, ungquzulwano oluninzi nokungaqondani kakuhle kubangelwa yindlela ekutolikwa ngayo inkqubo-sikhokelo yemithetho nemimiselo yoomasipala.

Esi siphumo sisekelezwe kwinkolo ethi, iinxalenye ezibalulekileyo zolawulo olusisenzo sokwalathisa, sokukhokela nokulawula ukusebenza kweziko, kukuhlonipha imithetho nemimiselo eyenziwa ibe semthethweni ngenxa yomthetho ongowona uphezulu welizwe. Ukongeza, ukufikelela inkqubo yoorhulumente

<sup>9</sup> UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika (1996): isAhluko 7.

## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

basemakhaya eguquliweyo nesebenza ngokufanelekileyo, kufuna ubunkokheli obuqinileyo obunesicwangciso sobuchule esicacileyo sexesha elide nokukwazi ukunika ingxelo eluntwini. Undoqo wolawulo ngamandla eziko okukwazi ukusebenza namele amane eqiniswa ngokuqhubekayo, kubekho izixokelelwano nezakhiwo, ngamathuba athile zihlolwe ngenjongo yokuzivumelanisa neemeko ezitshintshayo. Ukuze lenze oku, iSebe liye lasebenza namahlakani awohlukeneyo ekuboneleleni ngeenkonzo zoqeqesho neengcebiso koomasipala. Indawo ephambili kweli Sebe kule MTEF, kukuqhubekela nokuzabalazela ukwenza uphuculo kule nkalo.

ISebe liza kuzingisa ekusebenziseni indlela yokubambisana, lisebenza ngokusondeleyo noomasipala ekufumaneni izisombululo ezinokusetyenziswa kwimingeni yolawulo. Injongo kukuqinisa nokulondoloza ulawulo nokuphendulisa, ngombono othi ukuba noomasipala abaphethwe kakuhle kuza kuphumela ekubeni noorhulumente basemakhaya abasulungekileyo, abanokuphendulisa nabakwaziyo ukusebenza okuza kuthi kunabise uhlumo lwezoqoqosho nohanjiso lweenkonzo.

### Ukuza kuthi ga ngoku, iiNdelela zoNgenelelo ziye zaquka;

- Ukunika umkhomba-ndlela nenkxaso ngaphambi nasemva konyulo loorhulumente basemakhaya luka-2021 eyayiquka ukuthumela abaphathi abaphezulu kwiintlanganiso zokubekwa, iingcebiso zomthetho nenkxaso ngeendawo zokunika uncedo,
- Inkxaso yokuqinisekisa udluliselo olusulungekileyo yayiquka ukubek' esweni ukuvalwa kwezithuba zemisebenzi nokhokelo oluhlobene nemiyalelo yomthetho emalunga nenkqubo yokugaya nokuqesha nokubhexesha inkqubo yokuthumela amagosa athile,
- Ukuqulunqwa nokuhlolwa kwemithetho efanelekileyo,
- Ukukhulisa amandla okusebenza kokubini koceba nakumagosa, ngoqeqesho, ngokucebisa kunye
- Namathuba okufundisa ukwenza izinto ngendlela ethile;

Onke la matilele injongo yawo ibikukulondoloza ukuphathwa kakuhle emva konyulo loorhulumente basemakhaya.

### Isiphumo 3: Iziko loLawulo lweDatha noLwazi elinefuthe ekwenziweni kwezigqibo, ucwangciso nolwabiwo lohlahlo-mali koorhulumente basemakhaya

linkqubo zocwangciso nokunika iingxelo koorhulumente basemakhaya zilawulwa luluhlu oluntsonkothileyo lweenkqubo-sikhokelo zemithetho nemimiselo. Oku kuphumela ekubeni kufuneke ukuba ngokomthetho

kuveliswe izintlu ezohlukileyo zamaxwebhu okufaka iingxelo kumaqumrhu ohlukeneyo ombuso. Oku kuba ngumthwalo oluxanduva nonzima koomasipala nakwabo baxhasa oomasipala. Kwinxalenye yomsebenzi walo wokubek' esweni oomasipala ngokuhamba kweminyaka, eli Sebe lathi laqonda ukuba ukusekwa kweZiko loLawulo lweDatha noLwazi leSebe kubalulekile ukuze linabise amandla alo okwenza izigqibo.

Injongo yeli phulo kukuqinisekisa ukusetyenziswa ngokupheleleyo kwedatha ethembekileyo ngaphakathi kwiSebe nokwenza ibe sisithethe into yokwenza izigqibo ngokusekelwe kwidatha. Le projekthi iza kujoliswa ekuphathweni kwedatha, kwakunye nokuqokelelwa, ukudityaniswa nokungqinelaniswa kwedatha efunyenwe kwimithombo eyohlukeneyo ngenjongo yokuphucula ucwangciso, uhlahlo lwabiwo-mali nenkxaso enikwa oomasipala.

Ukongeza, oku kuza kuqinisekisa ukuba uLwazi lweZiko nenkumbulo yeSebe iyalondolozwa ukuze ulwazi olulodwa lungalahleki xa umntu emka emsebenzini. Ngenxa yokuba kukho amahlakani awohlukeneyo asebenza kwicandelo loomasipala kwakunye nakwimida yeNdelela yokuSebenza ngokuBambiseneyo kweziThili, ukulawulwa kolwazi kuza kwenza kube lula ukuphucula intsebenziswano njengoko bonke abanabango beza kube besebenza ngokusuka kwiqonga elinye.

Inggqiqo-siseko ekusekelwe kuyo esi siphumo kukukhuthaza intsulungeko, ukuba nempumelelo nokusungula iindlela ezintsha zokwenza izinto kwabo basebenza kwicandelo loorhulumente basemakhaya. Ukusetyenziswa ngokupheleleyo kwedatha kuza kubeka iSebe kwimeko yokuba likhuthale ukuchonga imingeni koomasipala yaye kuxhotyiswe iSebe ukuba linikele inkxaso efanelekileyo.

### Ukuza kuthi ga ngoku, iindlela zongenelelo ziquke:

- Ukuseka nokumilisela indawo enye ekugcinwa kuyo izinto ukwenzela ukulawulwa nokusasazwa kolwazi oluhlobene noomasipala;
- Ukubek' esweni nokunika ingxelo ngobume nokusebenza koomasipala;
- Ukumisela isithethe sokusebenzisa iziXokelelwano zoLwazi loBume beeNdawo (i-GIS) koomasipala; kunye
- Nokuxhasa oomasipala ukuze babe nesithethe sokusebenzisa ubuChwepheshe boQhagamshelwano noLwazi (i-ICT) kulawulo.

## Ukulinganiswa komsebenzi wethu

### Isiphumo 5: Intsebenziswano ephuculiweyo phakathi korhulumente nabemi

Yinto eyamkeleke ngokubanzi emhlabeni wonke ukuba intsebenziswano phakathi korhulumente nabemi inamandla okuqinisa ukuphendula kukarhulumente kwiimfuno zabemi yaye inabisa ukuthatha inxaxheba kwabemi. EMzantsi Afrika le yinkangeleko engundoqo kwidemokhrasi nolawulo.

Ukuze kukhuthazwe uthatho-nxaxheba lwabemi kwiinkqubo zokwenziwa kwezigqibo koomasipala, iSebe liye kule minyaka idluleyo laxhasa oomasipala ngokusekwa kweekomiti zeewadi. Oku kuquka ukuguqulwa kwencwadana yokusebenza kweekomiti zeewadi isiwe kulwimi lwe-Braille ngazo zonke iilwimi ezintathu ezisemthethweni zaseNtshona Koloni, ngenjongo yokunika abantu abangaboni kakuhle ithuba lokuthatha inxaxheba kwiikomiti zeewadi.

Emva konyulo loorhulumente basemakhaya luka-2021, iSebe lijolise inkxaso yalo kwiinkqubo eziza kuqinisekisa izinga eliphakame kakhulu lonxibelelwano phakathi korhulumente noluntu. Ezi nkqubo zohlukile ukusuka kuthatho-nxaxheba loluntu kunye/okanye imigaqo-nkqubo yeekomiti zeewadi kunye nezicwangciso zokusebenza kweewadi, ukufundisa uluntu ngendlela yokuthatha inxaxheba koluntu. Ezi zijoliswe ekuxhobiseni abemi ukuba baqonde ukubaluleka kokuthatha inxaxheba xa kusenziwa izigqibo koomasipala babo ngokwahlukana kwabo.

#### Ukuza kuthi ga ngoku, iiNdlela zoNgenelelo ziquke;

- Ukuxhasa oomasipala ngokusekwa nokusebenza kweekomiti zeewadi;
- Ukumiliseka iinkqubo zokuxhobisa abemi ngokufundiswa koluntu;
- Ukuxhasa oomasipala ekuqulunqweni/ukuHlolwa kwemiQulu yeNkonzo;
- Ukuxhasa oomasipala ngeenkqubo ezahlukeneyo zoqhagamshelwano;
- Ukuxhasa nokukhokela ooMasipala kwiinkqubo ezinentsingiselo zobuNi; kunye
- Nokuxhasa oomasipala ngokumiliselwa kweNkqubo yabaSebenzi boluNtu (i-CWP).

### Isiphumo 6: Ukuncitshiswa kwentlupheko

